OWONA MQONDISO MKHULU

[UMzalwana Neville uthi, "...esikuzuzileyo athe uThixo wakuzisa kuthi ngolungiselelo lwakho ngothando. Apho, ngeli thuba, sinokuthanda ukukubonisa, ngendlela encinane, ngokuzisa kuwe esi sipho sincinane."—Mhl.] Enkosi, Mzalwana Neville. ["Zanga iintsikelelo zikaThixo zingahlala phezu kwakho, mzalwana othandekayo."] Enkosi, kakhulu kakhulu, Mzalwana Neville.

2 Enkosi ke, bandla. Andazi nje ukuba kukho ntoni na ngaphakathi kwaso. Kodwa ndiyasivuyela ngentliziyo yam yonke, nako konke oko kube kuko kum, nezinto enithe nandenzela zona. Yaye ukuba bekungekho ngenxa yenu, bendingayi kubakho. Ukuba bekungekho ngenxa yomntu othile okholwa kuMyalezo athe uThixo wandinika wona ukuba ndiwushumayele bekungayi kuba ncedo lwanto ukuWushumayela. Kunyanzelekile ukuba ibe sithi sobabini sisebenzisana. Ngoko, ndiyivuyela kakhulu lento.

3 Ibandla lethu lihleli njalo, ngokusondeleyo, phakathi kwethu apha, lileliqhulayo. Ngoku ekungeneni kwam, kwimizuzu nje embalwa edlulileyo, phaya kwigumbi elingemva, kubekho umntu ondinika into esongelweyo, wathi, andinakuthi xa ndinyuka ukuya eqongeni ndinikele *oku* kuMzalwana uNeville na. Ngokuvakalisa imibulelo yam kuye, nobudlelane beli bandla, noko athe wakuko kuthi kulo nyaka, njengomlungiseleli kwiminyaka edlulileyo, nangamathemba nemithandazo yokuba uyakuqhubela phambili engumlungiseleli wethu kwiminyaka emininzi eyakuza, umqondiso ovela kwibandla kunye nam, Mzalwana Neville.

4 [UMzalwana Neville uthi, "Enkosi, kakhulu kuni nonke. UThixo anisikelele. Ndizivuyela kakhulu ezo zinto zobubele noncedo oluthe lwajoliswa kum luvela kumntu ngamnye kuni apha ebandleni. Yaye ngenene, ngale ntsasa, ndiva ngokunzulu emazantsi entliziyo yam ukuba nowokugqibela kuthi unombulelo onzulu kuMzalwana uBranham ngoko athe wakuko kuthi nolungiselelo lwakhe. Kwaye wanga uThixo angamphumelelisa amsikelele njengoko ehambela iNkosi esiya phambili kulo nyaka. Ngumthandazo wam onyanisekileyo lowo. Enkosi, kakhulu kakhulu. Ngenene ndiyasivuyela."—Mhl.]

5 Abantwana abancinane, kulungile, ndicinga ukuba abafo abancinane bamelwe kukuya kwawabo—kwawabo amagumbi. [UMzalwana Neville uthi, "Kulungile."—Mhl.] Ke ngoku nikhumbule, nibe ngamantombazana amancinane namakhwenkwe alungileyo phaya ngaphandle egumbini

ngale ntsasa. Kuba, emva kwenkonzo, ndicinga ukuba kukhangeleka ngokungathi ikho into enishiyelwe yona apha, yokunonwabisa.

6 Ngoku, kwabadala, njengokuba nibona elethu—inani lethu labafo abatsha li—linani elikhulu noko, silindele kakhulu ukude kufike ixesha esinokuthi ngalo sibe nenkonzo entsha apho sinokuwahlula khona loo magumbi okufundela.

7 UDade wethu u-Arnold ngokuqinisekileyo u—uzalise ingalo; ayisosandla sizeleyo, koko yingalo ezeleyo. Nentombazana encinci yam indixelele. Yathi, "Tata, kunzima kakhulu kuDade Arnold." Yathi, "Ngokuba, uyakuthi ethetha nathi ngolwimi esinokuliqonda, aze umfo omncinane kakhulu enze enye into, kunyanzeleke ukuba eme alungise bona, yabona." Ngoko loo nto yenza kube nzima kulo mfazi mnye ukuqhuba lonke eloo gumbi lokufundela. Ngoko sinombulelo kuye, nange—nangentsebenziswano yakhe elungileyo ukwenza oko anako ngeli thuba lentswelo. INkosi imsikelele.

8 Ngoku siyathemba, ukuba ngamhla uthile, kwakutshanje, iNkosi ithandile, siyakuba nomnquba omhle omkhulu apho siyakuba nazo zonke iintlobo zamagumbi esikolo secawe okufundela. Aweentsana ezincinane, anamaphepha wefleni wokuzoba; kubekho apha phezulu entla kwepulpiti, phezulu *apha*, kubekho indawo yokugcina iintsana eneglasi ngaphambili, apho kuyakubakho khona ogcina iintsana oqeqeshiweyo ukuze akhathalele aboo bancinane. Akuyi kubakho kuphazamiseka ezinkonzweni, konke, kuhanjwa kungenjalo kungqingqiswa kujikelezwa. Aba bafo bancinane abazoli. Abaqondi bona. Bamelwe kukubanyamezela. Abasiqondi thina. Ke ngoko, ngoko, iyakuba yindawo apho ndicinga ukuba yonke into iyakuba yindlela endikholwa ukuba iNkosi ifuna siyenze ngayo. Asiyi kuba nanto intle kakhulu, koko iyakuba yinkonzo entle. Ndiyayithakazelela loo nto.

9 Ngoku, inguMzalwana Neville kunye nam, ndinengcinga endisandula ukuyifumana, ibizimpahla ezizisuti ezi. Andazi, Mzalwana Neville. [UMzalwana Neville uthi, "Yiyo, kungenjalo enye into."—Mhl.] Ndi—Ndicinga ukuba yiyo. Andiqinisekanga. Kuba, ikhangeleka njengebhokisi yesuti, kum. Awucingi kwaloo nto ngayo? Hee. Yaye kuphakathi kokuba ziisuti kungenjalo iidyasi. Kwaye ndi—ndi . . . Zombini zikhangeleka ziyinto enye, ngoko oko—oko kubonisa ukuba akukho kukhetha buso bamntu apha. ["Amen."] Yaye, ngoko, ndinayo idyasi. Kwaye ndiyazi ukuba bona—bona . . . Asiyodyasi. Ngoko yi . . . Unayo, nawe, ngoko inokuba yisuti. Kwaye nje . . . Siyibulela kakhulu loo nto! ["Amen."]

10 Ndiqinisekile, ukuba, njengabalungiseleli, abalusi . . . Igama u*mlungiseleli* lithetha "umalusi, lowo walusa izimvu." Ndiqinisekile ukuba sinombulelo kuni, kumntu ngamnye wenu,

ngokuba ibi—ibiziingcinga zenu ezinobubele ezo, nemali, eyenze ukuba sibe yimpumelelo esi sipho kuthi kusasanje. Kwaye ngobabalo lukaThixo, sithembisa ukuba ngumlungiseleli kuni, ukwenza yonke into esinokuyenza ukunikhokelela kwindlela elungileyo. Mhlawumbi, ngamanye amaxesha, indlela esizithetha ngayo izinto, kusenokuba nzima ukuyiqonda. Kodwa senza nje loo ukuba ibe zizikhokelo, sizama ukunikhokelela kuloo Ndawo, ukuze, eluvukweni niyakuba nokusibulela ngokukhulu kunoko. Kuba, asikhange sizibalele ntweni thina, ekulungiseni xa sithetha nani, ingezongcinga zizezethu, koko ikukuzama ukwenza nje njengoko uMoya oyiNgcwele ebesikhokela ukuba senze. Kwaye oko kokwethu . . . ibe zizimiselo zethu. Kwaye sisazimisele sizama ukwenza kwaloo nto inye, into elungileyo, kumlungiseleli kunye nam.

11 Sinombulelo ngokubona ukukhanya kwelanga. UDoc, umntakwethu ebesandula ukuthi uthumele iLizwi kuMzalwana Frankie Weber, eFlorida, wathi, "Asinguye kuphela onokuphuma ngeKrismesi ahlambe iglasi yangaphambili, yemoto yakhe, ehamba ngemikhono yehempe yakhe." Ebesenza kwaloo nto inye naye, kushushu kakhulu! Ke, uyazi iFlorida iyadinwa lilanga, ukujonga iFlorida lonke ixesha, ngoko limelwe kukunyuka lize kungena e-Indiana libone ukuba iqhuba njani na into yonke apha phezulu. Anicingi njalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoko, siyalivuyela ukuba lisindwendwele, oku—oku kwemizuzwana embalwa nje, kusasanje.

12 Kodwa, ngaphezu kwayo yonke loo nto, sinombulelo ngoNyana okukuKhanya kaThixo osinika ukukhanya koyolo olunguNaphakade.

13 Andazi nokuba le nkwenkwana, isandula kungena, iyakuthanda ukuhlala nomzali wayo na. Kungenjalo, likho igumbi lesikolo seCawe, mfanyana, ukuba uyakuthanda ukuya phaya ngasemva. Mzalwana Taylor, awunakukhokela eloo nene lincinane liyokungena kwigumbi lokufundela. Kulungile. Ngamanye amaxesha bafuna ukuhlala nabanye, uyazi. Bona, bona banezinto ezifanayo, abathanda ukuthetha ngazo. Kulolo hlobo nje.

14 Intombazana encinane eneshumi elinesibini leminyaka, njengokuba ndihlala ndisitsho, ukuba ubona encinane enesibhozo–,ithoba–, intombazana eneshumi leminyaka ijikeleza ngakumakhulu, lonke ixesha, ikho into engalunganga. Uyabona? Bona, kusukube kukho undonakele, ngokuba mkhulu kakhulu umahluko apho kubudala babo. Unokuqikelela, umakhulu unengxowana yeelekese kwindawo ethile, athi afake isandla sakhe kuyo. Usisi omncinane unjalo, loo mehlo makhulu ayakhanya akubona loo ngxowa yeelekese. Ngokuba, ngokokuqhelana, akukho nto banokuncokola ngayo, koko nje yena uyambambazela nje amsingathe. Kodwa ke kulolo hlobo, yaye siyavuya kube lolo hlobo.

15 Ndize ke ndicinge ngentetho, ndakhe ndayenza ngaxesha lithile, xa ndandishumayela ngemvana nehobe. Yabona, zinezinto ezifanayo ezo zinto. Zinganazo izinto ezinokuncokola ngazo.

16 AmaMasonic, kwiMasonic Lodge; banezinto abanokuthetha ngazo, abazalwana beMasons Lodge; abazalwana be-Odd Fellows Lodge. AmaJamani anazo izinto anokuncokola ngazo, kumJamani, malunga neendawo zasekhayeni, xa amaJamani elinye lihlangana nelinye ngapha, omnye esandula kuvela kwindawo yasekhaya. AmaTaliyane anazo izinto anokuncokola ngazo.

17 NaMakristu anazo izinto anokuncokola ngazo. Kungoko sihlangana kwiindawo ezinjengale, kwindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu, kungokuba singabemi beLizwe elinye. Singabahambi nabasemzini apha, kweli hlabathi. Ngoko siyakuthanda ukuhlanganisana ngezi ntsasa zesabatha nangamaxesha omthandazo, ukuzihlanganisa ndawenine, ngokuba sinezinto esidibanayo ngazo. Siyakuthanda ukuncokola ngezivanayo, izinto ezifanayo, esizithandayo: iNkosi izenzo zaYo. Omnye umntu, entliziyweni yakhe, etshiswa yinto ethile, iNkosi imphilisile, abe efuna nje ukuzimisa phaya phezulu, "Bonani into eyayenziwe yiNkosi!" Umntu othile abe efumene intsikelelo enkulu, abe nobudlelane ngezi ntsikelelo nomntu ongomnye. Yabona, kungoko sinezinto esidibana ngazo nje.

18 Kukhangeleka ngokungathi isandi singcono apha enkonzweni, ngale ntsasa. Kukhangeleka njalo kum. Andiqinisekanga. Kuninzi ukubuyela kweLizwi okukhoyo apha.

19 Kodwa ndivuya kakhulu ngeziphumo zemvuselelo yeveki epheleleyo. Yabona? Ayenzanga kuvuselela kuzamazamisa apha kuphela, koko jikelele, kumazwe ahlukeneyo, siyivile ingxelo evela kuwo, yokuba iNkosi ilungile. Ngoku, ukuba ukuqingqa nje indlela, ukwenza izinto zibe zezilungeleyo, nokungena eNkosini, sizilungiselela ukufumana iintsikelelo; ukuba eloo xesha lincinane lenze oko, kungayintoni ukuba sithe saqhubela phambili? Yabona? Ngoko, masingayiyeki icime. Masihlale sigalela okuninzi ngokungaphezulu, lonke ixesha, ude umsi wezibonakalaliso ubonwe ehlabathini jikelele, ukuba uYesu Kristu uyaphila, kwaye kukho umlilo ovuthayo ezintliziyweni zethu.

20 Yaye ndenze ukuzinikezela ngokutsha, isiqu sam esi, nenkosikazi yam, njalo njalo, siqaphele ukuba izinto zahlukile kakhulu phaya ngasekhaya. Asisengobantu baphatshuzela njengokuba besinjalo, singcangcazela sixhuma-xhuma, "Asisayi kuyifumana *le*, yaye asisayi kuyifumana *leya*." Sifikelele nje kuloo nto ngokuzola, senza okungaphezu kokuba besikwenza.

21 Ngoko, ngoku, nanko unyaka omtsha usiza. Yaye asikholelwa kwinto yokutyhila amaphepha amatsha, sikholwa nje kukulitshisa elidala. Ngoko zigcineni nizinikezele kuThixo uwonke unyaka ozayo, asazi ukuba iyakusenzela ntoni na iNkosi.

22 Kodwa siyabulela ngani ninonke. Ndinombulelo kuThixo ngalo lonke ilungu loMzimba kaKristu, kuyo yonke indawo. Nakuwo wonke amaqondo ahlukileyo okholo, nokuba abavumelani kangakanani na nam, ndisenombulelo ngaloo mntu. . . Nditsho nokuba ndingacinga ukuba babulahleka kancinane, eSibhalweni, kodwa nangoko bazama ngako konke ukumela oko bakholwa kuko. Ndikuthakazelela ngenene ukubanyamezela aboo bazalwana, ukuze nabo banyamezelane nam kwiziphoso zam nezinto ezinjalo, ngokuba akukho ugqibeleleyo kuthi.

23 Kodwa eMyalezweni, ngolunye urhatya xa ndandithetha ngoThixo eZahlula ngePentekoste, ngexesha lempambana ndlela, okanye engqungqutheleni apho kwakumelwe ukuba kwenziwe isigqibo khona, "Hlobo luni lwebandla eliyakuba lilo eli Bandla litsha loBukristu?" Nantso into ebanjelwe yona ingqungquthela. Yaye sifumanisa ukuba eNcwadini yeZenzo, isahluko se-2, silufumana apho uhlobo lweBandla ekwagqitywa ngalo; didi luni lweBandla, laliyakuba yintoni na iBandla, kwakuyakuba yintoni okuya kusetyenzwa liBandla lakuba limamnkela uKristu. Ndiyayithanda loo nto. Yaye ndizama ngenyameko ndisilwela eloo Bandla lamiselwa ngoMhla wePentekoste. Ngoku, Lalilelingaqhelekanga ngoko, Aliqhelekanga ngoku. Yaye Liyakuba njalo, okoko nje kusekho isono emhlabeni, nedabi elimelwe ukuliwa, iyakuba lelingaqhelekanga kwiintshaba zethu, ukanti zizinto zexabiso zikaThixo esizizamela ngenyameko engako ukuba uThixo asenzele.

24 Ngoku, izaziso, ndiyaqonda ukuba uMzalwana Neville sele ezenzile.

25 Nokuba ndizakuba sekhaya kule veki, ukuya kuthandaza nokufuna ubuso beNkosi. Kuba, kulo nyaka uzayo, ngoncedo lukaThixo ukuba Angandinceda nje. Ndifuna ukuqhubela phambili edabini ngaphezu koko ndakha ndenza ebomini bam. Ukuze mhlawumbi inxenye enkulu yalo nyaka ichithelwe kumasimi asemzini, naseHaiti, nasesiqithini, naseMzantsi Melika, nase-Afrika, nase-Asia, nase-India, no—nokunyuka ukuya kwawaseScandanavia. Zizonke ke ezoo ndawo kumele ukwenziwa izigqibo ngazo kule veki, ukuba iNkosi iyakuvuma. Ngoko xa ndiziva ndikhokelelwa ekwenzeni nantoni na okanye ukuya nokuba kuphi na, yiNkosi endithume ukwenza ngoloo hlobo.

26 Ukuze xa ndiphuma kwinqwelo-moya, kuloo mhlaba, kukhangeleka ngokungathi naku kusiza omnye aze athi, "Owu,

eli lilo lelemvaba ethile-thile liphumile, *eli* lenze oku, okanye yi*le* engenzekanga ngendlela eyiyo, kungenjalo besingenakukwenza *oku*, okanye abasemagunyeni bathi asinakuyiqhuba inkonzo."

27 Ngoko ndithanda ukuma, "Kodwa ndize eGameni leNkosi." Yaye ndiyazi ukuba nguMtyholi lowo, ngoko. Yabona, asikokuthi, "Ingaba ndenze impazamo na?" Ndikhokelwe. Ngoko ungema unyuse amagxa kangako, uqhube nedabi.

28 Ngoku, phambi kokuba sivule iNcwadi, kungenjalo sicele uThixo ukuba asivulele Yona njengokuba siYifunda, ndingathanda ukusithetha isizathu sokuba ndizise lo Myalezo kwibandla ngale ntsasa. NguMyalezo wam weKrismesi oya kwibandla. Uyi . . . Ukuba uMoya oyiNgcwele uyakundinceda ukuba ndishumayele oko ndikholwa kona malunga naloo nto. Ngoku, akunamsebenzi nokuba ibhalwe kakuhle kangakanani na eZibhalweni, nokuba umntu uyiqonda kangakanani na, umelwe kukuxhomekeka kuMoya oyiNgcwele ukuba ayidlulisele ebantwini. Kwaye kusandula kudlula iKrismesi, ngeli thuba seniwave onke amabali ahlukileyo eKrismesi no—nosasazo, nokunjalo, ngemiyalezo yeKrismesi. Lo uzakuba ngowodwa kancinane, malunga nebali leKrismesi, kodwa nangoko uThixo ubeke wona entliziyweni yam.

29 Ke ngoku masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje, Phambi kwaKhe nakumathunzi obulungisa baKhe, ukuze sicele inceba.

30 Owu Thixo, Msindisi wethu oNgcwele noBawo, sisondela kwitrone yaKho yenceba. EGameni leNkosi uYesu, uNyana waKho, sizizisa ngokuzithoba ngale ntsasa, sinikezela kuWe imithandazo yethu nemibulelo yethu, ngako konke Owasenzela kona. Kule veki iphelileyo, ingakumbi, indlela ezithe zalamba ngayo iintliziyo, nabantu bazila ukudla, waze uMoya oyiNgcwele wabasikelela, wenza izinto ezinkulu phakathi kwethu! Abagulayo baphilisiwe. NoThixo wenziwe waziwa, ukuba Uyaphila, nokuba Uyabathanda abantu baKhe.

31 Nokuthi aMazwi aseyinyaniso awomprofeti, xa wathetha aMazwi iNkosi uThixo, awathi, ukuba abantu ababizwa ngeGama laM bayakuhlangana kunye bathandaze, ndiyakuva Mna ndiseZulwini." Loo Mazwi aseyinyaniso kanye njengokuba enjalo ngomhla awayethethwe ngayo okokuqala. Sifumanisa ukuba injalo loo nto, Nkosi. Ngoku sixolele, siyathandaza, kuso sonke isono sethu, kuko konke ukungakholwa kwethu, kona kusisono.

32 Yaye singathanda ukuthandaza, Nkosi, ukuba Usibuyisele olwaa kholo lwakhe lwashukumisa iBandla lokuqala. Asiceli ndlela ilula ithambileyo, koko sicela kuphela inceba kaThixo, noBukho baKhe, neentsikelelo zaKhe ukuba zihambe nathi.

Nokuba kukule na intsimi kungenjalo kwintsimi ephesheya kolwandle, nokuba kusekonwabeni kokuhlala kamnandi, okanye kwizinto ezilula, nokuba kuphambili edabini, akunamsebenzi nokuba kuphi na, Nkosi, eyona incinane intando yaKho ingowona mnqweno wethu uphambili wokuKukhonza. Yicacise nje kuthi, Owu Nkosi, ukuze singabi nakuyiphosa indlela, kuba sihamba kwihlabathi elimnyama elimfamekileyo, phakathi kwabantu abamfanyekiswe sisono. Ngoko, yigabule indlela yethu, Bawo, usikhokele njengoko Uyakuthanda, izimvu zedlelo laKho.

33 Makathi uMalusi womhlambi abakhokele ngoko kumnandi kuthobekileyo abantu baKhe, njengoko silindele kuWe kusasanje uMyalezo wentsasa. Wanga uMoya oyiNgcwele angathetha ngokucacileyo kwintliziyo nganye yaye besingangafumana ukukhanya okuncinane koko wayethetha ngako umprofeti, ukuze kuloo nto, ngoko, sifumane intsikelelo ezukileyo yoBukho bukaThixo, ukungqinela lonke iLizwi. Oko sikucela eGameni likaYesu, uNyana waKho, uMsindisi wethu. Amen.

34 Ndingathanda ukucela abaphulaphuli bethu ngale ntsasa, abo banazo iiBhayibhile, ukuba bangathanda ukufunda kunye nam iLizwi leZibhalo, okanye ukulandela mna njengoko ndifunda, ukuba ninako ukutyhila kwiNcwadi ka-Isaya, umprofeti u-Isaya, isahluko se-7, ndingathanda ukufunda isicatshulwa sesi Sibhalo. Ku-Isaya, isahluko se-7. Sizakuqala ngengxoxo kaThixo ebheka ku-Ahabhi, kwivesi ye-10.

Waqokela uYEHOVA wathetha ku-Ahazi, esithi,

Zicelele umqondiso ku-YEHOVA uThixo wakho; cela ubhekise enzulwini kwelabafileyo, mhlawumbi ubhekise enyangweni phezulu.

Wathi u-Ahazi, Andiyi kucela, andiyi kumlinga uYEHOVA.

Wathi yena, Khanive . . . Ndlu kaDavide; Kuyinto encinane na kuni ukudinisa abantu, ukuba oku nidinise noThixo wam?

Ngako oko iyakuninika umqondiso ngokwayo iNkosi; Uyabona, intombi le iyakumitha, izale unyana, ize . . . nimthiye igama elingu-Imanuweli.

Uyakudla amasi nobusi, ade akwazi ukulahla . . . okubi, anyu- . . . anyule . . . okulungileyo.

Kuba engekakwazi umntwana lowo ukulahla . . . okubi . . . anyule . . . okulungileyo, woba selushiyiwe loo mhlaba ookumkani bawo . . . babini.

35 Ukuba ndinokuthabatha ingongoma kwesi, ukuze ndikhuphe okuphethwe ngumxholo, ndingathanda ukusebenzisa igama: *Owona Mqondiso Mkhulu.*

36 Xa sithe sanobona busuku bumnyama, kuze kukhangeleke ngamanye amaxesha, ngokungathi kumnyama kangangokuba ngobu busuku asinako nokubona izandla zethu phambi kwethu, ngelo xesha apho uthi khona umbane ozintlantlu ukhanyise ngokukhanya kakhulu. Uthunyelwa kuthi ukuze usibonise ukuba kunokuba khona ukukhanya ebumnyameni.

37 Apha kwakungexesha lokulawula kuka-Ahazi, ukumkani okhohlakeleyo. Yaye ukuba uyaqaphela, i—iNkosi ayizange iwubhekise ku-Ahazi umyalezo, koko yawubhekisa kwindlu kaDavide. "Yivani, ndlu kaDavide! Iyakuba ngulowo umqondiso." Ngokuba, babesemfazweni, abazalwana besilwa nabazalwana, kwaye kukhangeleleka kulelona lixa limnyama lohambo lukaSirayeli uhambo lwabo lokuba ngabaphambukeli. Kodwa uThixo wasuka wagqabhuza kwakho into evelayo, ngomprofeti, umqondiso onguNaphakade. Ngoku, imiqondiso ngamaxesha amaninzi . . .

38 Abantu banayo imiqondiso. Yaye siphila kwihlabathi elizaliswe yimiqondiso. Umntu uzamile ukufumana umqondiso othile. Umntu uzamile, ngokokuphanda kwakhe kwenzululwazi, ngokoko anokukwazi ukukwenza ngokwakhe, ukuba enze umqondiso oyakuba ngowona uphambili, kungenjalo isikhumbuzo sobulumko bakhe, sokuba mkhulu kangakanani na, kungenjalo uyingqondi engakanani na. Wenze loo nto ukuhla ukuphumela kuyo yonke iminyaka.

39 Ngokomzekelo, xa zathi iingqondi zezolwandle ehlabathini, malunga nje kancinane neminyaka elikhulu eyadlulayo, zagqiba ekubeni zazilumke kangako ukuba zingalenzela ihlabathi u—umqondiso wobuchwepheshe bazo ngokwenza izinto, kangangokuba babenokuzakhela inqanawa ekwakungekho maza makhulu kangangokuba angayenza izike. Baze bayibiza loo nqanawe ikhethekileyo ngokuba ngu-Titanic. Yayisisikhumbuzo esiya kuhlala ithuba elide ehlabathini, sokuba ubuchwepheshe obukhulu bokwakha iinqanawa kufikelele kwingqibelelo, ukuba babenokulibonisa ihlabathi ukuba le nqanawe yayingenakuze izikiswe yinto.

40 Ngoko, lukho lonke ukhuseleko ngaphezu kobungqondi babakhi, neentetho neencoko zabo, nokuqondakalalisa ngokwenzululwazi ukuba le nqanawa yayingenakuzika! Ngoko xa izinto zisiziswa ngolo hlobo ebantwini, ba—baye kubonakale ngokungathi baqinisekile ukuba yonke into ilungile, okoko nje uphando lwenzululwazi lusithi ilungile.

41 Babenqumla ulwandlekazi ke bekule nqanawa, kuhambo lwayo lwaselwandle, beziva bekhuseleke kangako kuba kungekho kwanto inokubenzakalisa, baziqhubela umgidi omkhulu wokunxila. Bathi bonke abafazi namadoda ababekhwele, kungenjalo, mhlawumbi abaninzi bawo, ndisenokutsho, banxila; nkqu bathi, nomqhubi kwakunye

nomphathi, nabo bebonke. Aqala ke amaqela ukubhabhazelisa u—umculo wejazz owawuyimfeketho ebalulekileyo yangoko, njengokuba sine-rock-'n-roll namhlanje. Ngokuba, babekhuselekile, babekwinqanawa abathi abantu bayinika ihlabathi njengomqondiso wobulumko babo, ukuba, "Le nqanawa yayingenakuze yoyiswe nangawaphi na amaza okanye naluphi na ulwandle."

42 Bathi besekwesesi phithi-phithi sokunxila, yabheka kwicala elinenkungu. Waze watsho omnye wabaphathi, ukuthi, "Masihlole iinjini." Kodwa onegunya eliphezulu wathi, "Yiqhubeni, 'Ibheke phambili ngokuthe ngqo!' simele ukuba selunxwemeni kubizo oluthile." Yathi isadubada enkungwini, ngokungathi yayiyilawula imeko, kwathi ngequbuliso, yantlitheka kumwonyo womkhenkce, nantso isihla itshona phantsi kwamanzi.

43 Yaye sixelelwa ngumbhali wemibongo owabhala iculo, "UThixo, ngesandla saKhe esinamandla, ubonisa elihlabathi ukuba aliyi kuhlala limi."

44 Yonke into yabo babekwazile ukuyenza ebalulekileyo, yatshona kumazantsi olwandle, ikhwele amakhulu ngamakhulu abantu abanxilileyo. Ayisayi kusebenza nje loo nto.

45 Yayingongasekhoyo u-Adolf Hitler owanika amaJamani umqondiso wokuba wayeyinkcuba-buchopho yena, wayesazi yonke into ngobomi basemkhosini. Kwaye, ngaphandle kokumjongela phantsi, wayesazi kakhulu ngaloo nto. Kodwa waqinisekisa amaJamani, ngokwakha lento siyibiza ngokuba yiMaginot Line, okanye iSiegfried Line, apho wagalela khona izigidi eziphindwe ngezigidi zeetoni zodaka lwesamente nentsimbi luhlangene. Ebonisa indlela awayethembele ngayo kulo, ngokokude afuduse ikomkhulu lakhe alise ngaphambili, apho iivenkile neendawo zamashishini ziqhubela ngaphantsi komhlaba, apho babenezigidi eziphindwe ngezigidi zeetoni zentsimbi kunye nesamente. Akunamsebenzi nokuba yathi yaqhuba njani na, iJamani yayinqatyisiwe. Yayingumqondiso wokhuseleko. Kodwa isiqhushumbisi sangoku esinamandla sayidubula yaya kungena kwiNaphakade, noHitler kunye nayo.

46 YayinguNimrod, ngenye imini owathi wayenakho ukwakha inqaba ende eyayinokuzisa abantu bakhe, wayeya kubonisa ukuba unako ukuyenza loo nto ngobuchule bengqondo yakhe. Kwaye wayezakwakha inqaba ende eyayizakudlula emafini, ukuze, ukuba ingqumbo kaThixo ithe yeza, abe nokulumka ngaphezu kwaKhe. Ngophando lwenzululwazi yakhe, wayenokuwabeka amatye amakhulu namatye ngendlela apha yokuba abe nokuthabatha wonke umntu amfake kukhuseleko, ngobulumko bakhe. Kodwa benziwa amampunge, ngendideko yeelwimi, ababi nako nokuyigqiba loo nqaba inde.

47 YayinguNebhukadinetsare owakha iindonga zeBhabhilon,
waze waqhayisa ngaloo nto. Zinkulu, ngangokuba, iintloko
ezintandathu zamahashe neenqwelo ayekwazi ukubaleka
umdyarho ejikeleza iindonga. Amasango ayo ayemakhulu
kangako, ngokokude amadoda abile kuphume ubomi bawo
kuwo, ebetha isinyithi singene kuloo masango ayenobunzima
obungamakhulu eetoni; kwisixeko esikhulu, yayingamaqela
amadoda awayenokuzityhala zivuleke. Akukho mntu
wayenokumchukumisa uNebhukadinetsare. Kodwa ngobunye
ubusuku, bekumgidi wokunxila, becinga ukuba babekhuselekile
emva kwezoo ndonga zabo zenzululwazi, benezixhobo zabo zaloo
mhla, nako kusiza umbhalo weSandla eludongeni. Yaphela ke
into.

48 Owu, indlela athe wazama ngayo umntu ukuqhubela
umntu kukhuseleko, ukuzityhala ezisa kukhuseleko,
ngemiqondiso eyeyakhe noko anokukwenza. Kwakhangeleka
ngokungathi, ngenxa yokuba abantu befuna umqondiso,
kufanele ukuba kubekho isizathu soko; into ethile ngaphakathi
komntu enokuthi izungule isizathu okanye umqondiso,
ophuma kwindawo ethile, anokukhuseleka kuyo.

49 Ngoko uThixo wathetha, wathi, “Ndiyakubanika
umqondiso ongunaphakade. Ndiyakunika ibandla umqondiso
ongunaphakade.” Yayingazukuba ludonga olukhulu
kungenjalo inqaba ende. Wathi, “Intombi le iyakumitha, izale
uNyana, iGama laKhe kuthiwe ngu ‘Imanuweli.’ Iyakuba
ngumqondiso onguNaphakade kaThixo lowo.” Kulula
kangakanani! Mncinane kangakanani!

50 Uyaqonda ukuba izinto ezincinane odlula phezu kwazo
uziqakathe, zithetha lukhulu kangako kuThixo? Ingaba
ibandla linokuyiqaphela loo nto ngale ntsasa? Kokwethu
esinokukwenza ngokwemibutho, nezakhiwo zakhe ezikhulu
zemifanekiso eqingqiweyo yobugcisa, sidlula kwizinto
ezincinane ezithetha lukhulu kangako kuThixo nezithetha
lukhulu kangako kwindawo yethu esiyakuphelela kuyo
ngoNaphakade. Siyaziqakatha ezoo zinto.

51 UThixo esitsho, ukuthi, “Ndiyakulinika umqondiso
onguNaphakade. Intombi le iyakumitha, izale usana.”

52 Kuba, kuba kutheni ilusana, kwakutheni ukuze ibe
lu—lusana? Umdali ngokwaKhe umelwe kukuhla aphile
ngaphakathi kwindalo yaKhe, ukuze abe ngumqondiso
emntwini? Kutheni kunyanzeleke ukuba ibe lusana nje?
Kwakutheni ukuze abe akazange Athi, “Ndizakwakha
inqwanqwa elikhulu, ukuze nonke. . . njengephupha
likaYakobi. Okanye, Ndizakuthoba eZulwini, ngokuphuma
kwimijelo yeZulu, intambo, ize ininike amandla, ukuze xa
nithe nazibophelela kuyo, Ndininyuse”?

53 Kodwa, Weza ngendlela elula kangako. Kwaye wathi, “Kuyakuzalwa usana. Nantso into eyakuba ngumqondiso. Ayisayi kuba ngumqondiso kuphela, koko iyakuba ngowona mqondiso mkhulu.” Usana! Kuba, ubungqondi benzululwazi ngebayihleka esidlangalaleni ingcinga enjalo. Kodwa, kuThixo yayingowona mqondiso mkhulu. “Intombi le iyakumitha, kwaye lo mntwana uyakubizwa ngokuba *Imanuweli*, into ethi xa itolikwa ibe ngu, ‘UThixo unathi.’” Nango owona mqondiso mkhulu.

54 UThixo weZulu, ehleli kunye nabantu, ungowona mqondiso mkhulu. Wawungayi kuba ngumqondiso omkhulu ngaloo mhla kuphela, koko unguwo namhlanje nangayo yonke imihla, ukuba uThixo uhleli kunye nabantu baKhe. U-Imanuweli uThixo ekunye nathi, lo ngowona mqondiso mkhulu. Lo ngumqondiso onguNaphakade, umqondiso ongenasiphelo, esawunikwa nguThixo.

55 Kwaye kwakutheni ukuze Yena abe luthuli kwa uthuli lwendalo EyeyaKhe? UMdali waba yiloo nto, uthuli lwendalo yaKhe.

56 Umntu uzama ukwenza into enkulu ebalulekileyo. Kodwa, xa uThixo wamnika umqondiso, wawuyinto encinane. Umntu uzama ukusebenza ngemicimbi emikhulu. UThixo usebenza ngomcimbi omncinane. Umntu uzama ukuthi, “Ngenxa yokuba wonke umntu ehamba *kanje*, masenze njengokuba besenza eHollywood.” UThixo ufuna abambalwa. Ufuna uku—ukuziqakatha zonke izinto ezinkulu, ukuze amnkele into encinane.

57 “Kuyakuzalwa usana,” oluncinane. “U-Imanuweli omncinci uyakuzalwa.” UThixo wendalo abe yinxenye yendalo EyeyaKhe. UThixo, uMdali waMazulu nomhlaba, owenza uthuli kunye nemithi, nayo yonke into ekhoyo, abe yinxalenye yayo. Nantso into eyakuba ngumqondiso, Uyakuza ngendlela oluza ngayo uluntu.

58 Ngoku, Wayesenokuza ngendlela eyenye. Wayesenokuza ngendlela yabanye, ye—yezinye iindlela Anazo zokuza.

59 Kodwa Wanyula ukuza ngale ndlela, ukunika umqondiso, owona mqondiso mkhulu. “Intombi le iyakumitha, izale uNyana, yaye bayakuMbiza ngokuba ngu ‘Imanuweli.’” Ngoku, yayingowantoni wona? Yayiyintoni isizathu?

60 Kwakutheni ukuze Anganyuli ukuba abe yiNgelosi? Ngewayeyenzile loo nto. Wayesenokuza e—eyindoda ekhule yagqiba. Wayesenokuza ngokukhahlelwa okuzeleyo okuphuma eZulwini, iiNgelosi nazo zonke iZidalwa zeZulu; zityambalaze ngokuhla kwemijelo yeZulu, kukho ileli yegolide, yaye Wayesenokuhla kunye nomkhosi weengelosi eziculayo. Ngewayenzayo loo nto.

61 Kodwa Wathi, “Ndiyakukunika umqondiso, owona mqondiso mkhulu, umqondiso ongunaphakade. “Intombi le iyakumitha, izale umntwana.”

62 Kwaye xa kwafuneka ukuba Akhethe indawo awayeyakuthi lo mntwana azalelwe kuyo. Ngewayehle ngeleli, ebuliswa ngokukhahlelwa okupheleleyo liZulu. Ngewayehle ephuma eZulwini njengeNgelosi, okanye ehle eyindoda eseyiqinile ukukhula. Kodwa Yena, kananjalo, wayesenokuza angene kwibhotwe lokumkani.

63 Kodwa Wathi, “Ndiyakukunika umqondiso.” Kwaye umqondiso lowo waxelelwa abalusi, “NiyakuMfumana esitalini, esongelwe kwiiqhiya ezindala.” Nanko owona mqondiso mkhulu, uzelelwe phezu kwemfumba yomgquba, nokunuka kwesitali, kungekho nazimpahla zakuMnxiba, u-Imanuweli. UMtyholi ufuna ukuzenza ezi zinto zibe nkulu zikhazimle. UThixo uzigcina zithobekile izinto. Owona mqondiso mkhulu, “Nofumana lusana lusongelwe eziqhiyeni, lulele emkhombeni wesitali. Nantso into eyakuba ngumqondiso, owona mqondiso mkhulu.” Ngethuba Wayesemhlabeni, Wayelihlwempu. Sithetha njani ngamaxesha anobunzima? Ngubani Lo mncinane? NguYehova!

64 UYehova uThixo waba ngumntu, wathabatha isiqu sethu, waZixuba ngokwembewu evela kuThixo, waba ngumntu. Nanko ke umqondiso. Waba . . . WayenguThixo, waze wangumntu; hayi indoda esisityebi, koko umntu olihlwempu. Nguwo lo owona mqondiso mkhulu. “Nicele umqondiso,” watsho uThixo, “Ndiyakuninika wona, umqondiso ongunaphakade.”

65 Ngewayeze ngenye indlela, njengoko besenditshilo, kodwa, usana, kwakutheni ukuze Abe lusana? Kwa okokuqala lowo mncinane, umlomo ongenamazinyo uvuleka kweso sitali, phezu kweyokuqala ibhedana yosana . . . ngentsasa yokuqala yeKrismesi, kwibhedana yaKhe yosana esitalini, nokukhala okuncinane kokuqala okwaphuma kwizwi laKhe, yayinguThixo elila. UYehova elila, umntu; evela kuThixo, yaye yayingumntu, ngabo bonke ubulumko, umntu. Weza ehlabathini engenanto, kodwa wayesengumntu. Wayezama ukwenza ntoni Yena? Yayiyintoni injongo yaKhe?

66 Walila njengosana, esitalini. Wadlala njengenkwenkwe, esitratweni. Wasebenza wabulaleka ngokwendoda, ukanti Yena wayengu-Imanuweli. Lo ngowona mqondiso mkhulu. UThixo ehleli ngaphakathi kwindalo Awayidalayo. Owona mqondiso mkhulu, “Niyakunikwa umqondiso.”

67 Wayelihlwempu kangangoko wathi xa Wayesiza emhlabeni, Weza ngesizalo esibolekiweyo, isizalo esibolekiweyo somfazi. Nengcwaba elibolekiweyo, awayeza kungcwatywa kulo. UThixo! “Intombi le iyakumitha,

ngaphandle kokuphazamisa ngokwazana kwendoda nomfazi." UYehova waboleka isizalo kuMariya, umfazi, ukuze enze umsebenzi wokuba Wayeyakunika umqondiso ongunaphakade. Elihlwempu kangako emhlabeni, emva kwamashumi amathathu anesithathu eminyaka enesiqingatha, yokushumayela kwakhe, kwanyanzeleka ukuba Aboleke ingcwaba aza kungcwatywa kulo. Ungayicinga loo nto? Uthetha ngokukhawulwa ngokumsulwa, uthetha ukuthini, phofu?

68 Uyawubona ke umqondiso wenene? UnguYehova ethe wangomnye wethu. UYehova uThixo esemhlabeni, esisibhadu-bhadu, engowasemzini kumhlaba Awawudalayo; bemmangele, watyhalwa, wahlekwa, kwahlekiswa ngaye; eliLityе lesikhubekiso kongakholwayo, iLiwa lesikhubekiso; umtyholi, kwihlabathi lezenkolo. Kodwa engumqondiso onguNaphakade kwikholwa, "UThixo ekunye nathi," owona mqondiso mkhulu. Uyayibona? UThixo ebonakalalisiwe, uThixo eZibonakalalise kwihlabathi, njengobhadulayo. Ngewayeze ngendlela eyenye, kodwa wakhetha ukuza ngale ndlela.

Yiphulaphule le Nto. UngaYiphosi.

69 Ndicinga ukuba uThixo wayenayo engqondweni yaKhe, ukuba yayiyakuba ngumtsalane kuluntu. Inguwo, kwikholwa. Inomtsalane xa uThixo wethu esiba ngomnye wethu. Kodwa, konenkani, ongakholwayo, isisikhubekiso. "Ndiyakuninika umqondiso, intombi le iyakumitha. U-Imanuweli uyakuba nani." UThixo wayeicinga ukuba iyakuba ngumtsalane kuhlanga loluntu, eyokuba uThixo wethu abe ngomnye wethu, eyokuba Azixube ngokwembewu Yena abe luthuli lwethu, ukuze Abe sisiqu sethu, isiqu somntu; uMdali Owenza zonke izinto.

Kwaye, kwakhona, loo nto yazalisekisa isiprofeto. Abaprofeti babeyibonile.

70 Enye into ke, "ILizwi lenziwa uthuli, inyama, lahlala phakathi kwethu." UYehova, iLizwi laba ngumntu, laba luthuli lwahlala ngaphakathi kunye nathi. Umqondiso ongu*Naphakade*, "awusayi kuze uphele." Owu, sakuyicinga loo nto, owona mqondiso ungomkhulu kwimiqondiso yonke, uThixo esiba ngomnye wethu.

71 Ngoko, kwakhona, Umelwe kukuba abe yiMbewu ka-Abraham. U-Abraham, kakade, wayeyiMbewu ka-Eva. U-Eva... "WayeyiMbewu yomfazi eyityumza intloko inyoka." Kodwa, u-Abraham, ukuba unokuyibamba nje, wayenokholo kuThixo, ntoleyo yamanya uMoya kaThixo kunye nenyama yomntu. Nako apho luza khona ukholo. Nantso into eyayibanga ukuba Abe yiMbewu ka-Abraham, hayi yonke inyama, koko ngokumanya uMoya nenyama zihlangane. UThixo, eZenza...eqhaqha, evumbulula zonke iingcambu

zobubi, esenza yonke inyama ukuba ithobele, uthuli Awalidalayo, aze aphile ecaleni kwakho njengo— njengoncedisana nawe.

72 Enye into, Akazange angcolise kungenjalo aphikisane nawo nawuphi na kwimithetho yaKhe. Akanako ukuyenza loo nto, "Intombi. Ndiyakuyinika umqondiso." Hayi iTitanic, hayi i-U.N., koko, "Ndiyakukunika umqondiso wokhuseleko. Intombi le iyakumitha, izale uNyana, iMbize ngokuba ngu 'Imanuweli.'" Nanko umqondiso. Ewe.

73 Uyabona, kwimithetho kaThixo yokuhlangula, njengokuba kwakunjalo kuBhohazi noNahomi, kwakunyanzeleke ukuba ibe sisizalwane esisondeleyo. Yaye inye indlela umntu awayenokuhlangulwa ngayo, kukuba uThixo abe sisizalwane, esisondeleyo. Ndifuna ukuba uyibone loo nto. Akazange abe ngowakowabo, ngokupheleleyo, kosisityebi, konamandla. Koko Wazalelwa esitalini, esongelwe ngeeqhiya ezimdaka; engengomntu mdala, koko engumntwana. WayenguThixo ophezu kwendalo. Wanyula ukwenza loo nto, hayi ukuza eyindoda ekhule ngokupheleleyo. Weza khon'ukuze Eve oko kuviwa ziintsana ezincinane. Weza khon'ukuze Angene aphumele kwizilingo zabatsha. Kwanyanzeleka ukuba ahambe ukuze Abe nokusebenza nzima kwimisebenzi enzima nakwimigibe yoMtyholi, njengomntu, avulele indlela abantu abakubudala bonke, abazo zonke iindidi zobudala nabendidi zonke: amahlwempu, abazizityebi, bebonke. Waba lihlwempu, ukuze, ngobuhlwempu baKhe, sibe zizityebi neendlalifa kunye naYe eBukumkanini. Umqondiso siya kuwunikwa, wokuba aZixube ngokweeMbewu aZenze into eyahlukileyo kunaleyo Wayeyiyo; ngoku umqondiso ongowona mkhulu, usana olulilayo, edlala ngokwenkwenkwe, esebenza nzima ngokwendoda, kodwa yayinguThixo ephila kuzo zonke izigaba zobomi njengoko sisenza nathi.

74 Uyazi, uThixo usiphe imiqondiso emininzi yokuba WayenguThixo. Wasinika umqondiso kwihlabathi langaphambi konogumbe, wokuba yena WayenguThixo, uThixo womgwebo. Warhaxisa abantu ngemihla kaNowa, wadadisa amalungisa emkhombeni; umqondiso wokuba Wayelilungisa, yaye umgwebo wawuyinto eqinisekileyo. Nanko umqondiso, wokuba wonke umoni ongaguqukanga uyakutshabalala emgwebeni, nokuba ilungisa liyakusindiswa ngenceba kaThixo.

75 Wanikela ngomnye umqondiso kwityholo elivuthayo. Yayiyintoni leyo xa Wabamba umprofeti waKhe owayesekubalekeni, "Ndikuvile ukukhala kwabantu baM, kwaye ndiwukhumbule umnqophiso waM"? Wanikela ngomnye umqondiso apho, kwaye WayenguThixo owugcinayo umnqophiso, waze Wakhumbula yonke into Awayithethayo, sonke isithembiso Awasenzayo. Wabanika umqondiso kwityholo elivuthayo, "Ndaye Ndihlile ukuza kubahlangula."

76 Mkhangele uThixo kwiindlela zaKhe zokusebenza. Ekudaleni kwaKhe aMazulu nomhlaba, Wabiza iiNgelosi wazihlanganisa, waze Wathi, “Masithi.” Kuyo yonke indawo eSibhalweni apho wathi Wenza nantoni na, kuxhaphakile, hayi Mna, “koko uBawo wam.”

77 Kodwa kwathi kwakufika kwicebo losindiso, Weza yedwa. Kwakungekho mntu wayekunye naYe. Yayinguye Yedwa kuphela awayenokuza. INgelosi yayingenakuyenza loo nto. Omnye umntu, obizwa ngokuba ngunyana waKhe, wayengenakuyenza loo nto. Omnye obizwa ngokuba yenye into, intombi engcwele, okanye umama ongcwele, okanye—okanye ingcwele ethile, yayingenakuyenza loo nto. NguThixo owayenyanzelekile ukuba eze! “Ndaye ndiyakunika umqondiso. Intombi le iyakumitha; kwaye kuyakuzalwa usana, lona Luyakubizwa ngokuba ngu-Imanuweli, uThixo unathi,” owona mqondiso mkhulu. UThixo engaphakathi kubantu baKhe. UThixo ekunye nabantu baKhe. UThixo uthe wangabantu baKhe. UThixo nomntu babemnye. Umqondiso! Isikhubekiso kwihlabathi, kodwa ithemba elisikelelekileyo kwikholwa. Umqondiso ekuyakuthethwa kakubi ngawo.

78 Wayenalo elinye awaziqondakalalisa ngalo. Waqondakalalisa ngonogumbe ukuba WayenguThixo womgwebo. NoThixo wenceba kwabo bayigcinayo iMiyalelo yaKhe.

79 Wabonakalalisa kwityholo elivuthayo, ngumqondiso wokuba uyakuligcina lonke idinga Awalenzayo.

80 NakuLwandle oluBomvu, Wabonakalisa ukuba Wayenokuvula indlela kwabo babezama ukwenza okulungileyo balandele imiMiselo yaKhe. Akunamsebenzi nokuba yintoni eyayinqamlela, uThixo waqondakalisa kuLwandle oluBomvu, wanikela ngomqondiso, wokuba Wayenoluvula ulwandle. Kuso sonke isilingo, Uyakuvula indlela yokuphuma. Uthi, “Umama akakholwa yiloo Nto. Utata akakholwa yiloo Nto. Ibandla alikholwa yiloo Nto. Ibandla alikholwa yiloo Nto.” Andikhathali nokuba ngubani na ongakholwayo yiYo. Ukuba wena uyakholwa yiYo, uThixo uyakuvula yokuphepha. Wanika umqondiso wokuba Wayeya kwenza njalo. Babekwindlela yabo, eya ngqo kwilizwe ledinga, apho uThixo Wayebathembise khona, lwaze ulwandle lwabavalela, bangena enkathazweni. Babengayazi amabayenze. UThixo wababonisa ukuba Wayenako ukuvula indlela yokuphepha ekuhendweni konke, kwisilingo ngasinye. Awukwazi ukuyeka ukutshaya? Thabatha uThixo kube kanye. Awukwazi ukuyeka ukuxoka, awukwazi ukuyeka ukuba, awukwazi kuyeka ukuba nomsindo? Thabatha uThixo ahambe nawe kube kanye. Ukuba awuziva ufuna ukuya enkonzweni, ube ungenakuya ndawo; thabatha uThixo kube kanye,

thabatha isithembiso saKhe. Waqondakalalisa, kuLwandle oluBomvu, ukuba Uyakuyivula indlela yokuphuma. UThixo unikele ngemiqondiso emininzi.

81 Ngobo busuku xa Wathi kubalusi, "Yihlani niye eBhetelehem, kuba namhlanje nizalelwe uKristu uMsindisi. UKristu, uThixo onguMthanjiswa, namhlanje uzelwe ngumfazi." UThixo!

82 Engenzi umfazi abe nguthixo, ngoku. Waboleka nje isizalo somfazi, yayiyinto enye nokuba eboleka *lo* Mzimba ukuba ashumayele iVangeli ngawo. Into enye nokuba eboleka umzimba wakho, ukuze enze umsebenzi Afuna ukuwenza ngawe, ngokuba usengu-Imanuweli, umqondiso, uThixo ekunye nabantu baKhe. UThixo ephila phakathi kwabantu baKhe, owona mkhulu, umqondiso ongunaphakade. Awunakuze usilele. Uyakuhlala ungumqondiso.

83 Uthetha ngale miqondiso, uthini ngalo? Ngaphambi kokuba ube unokufumana umqondiso ongomnye, umqondiso wokuthetha ngeelwimi, umqondiso wokuprofeta, umqondiso wento yamandla angaphezu kwendalo, kuyakufuneka ubuyele kumqondiso wakuqala, onguNaphakade nomqondiso ongenasiphelo. Hamba ngokuthe ngqo, indawo yokuqala, ukuze ke phezu kweso siseko, esiliLiwa lawo onke amaphakade, kungekho nto iyakuze isichukumise. Amasango eSihogo ayakusichasa, koko akayi kweyisa. Fumana loo mqondiso, "Intombi le iyakumitha, izale unyana."

84 Yaye Wabaxelela aba belusi, "Nantsi indlela eniya kuMfumana ngayo. Uyakuba sesitalini, phakathi edladleni, esongelwe ngeeqhiya ezidlaka-dlaka. Nakukhangela kuYe, nikholwe. Kuba Yena unguThixo ephakathi kwethu."

85 Loo mqondiso wawungayi kubalusi bodwa. Koko wawunikelwe kulo lonke ihlabathi. Ukuba kukhangelwe kuYe abonwe ukuba unguBani na. UnguThixo enathi, u-Imanuweli.

86 Xa Wayelapha emhlabeni, Waqondakalisa ukuba Yena wayenguThixo. Waqondakalisa ukuba uThixo Wayengaphakathi kuYe, ngokuba imiqondiso kaThixo yayiMlandela. Wathi, "Ukuba andiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani ukukholwa ndiM. Kodwa ukuba ndenza imisebenzi kaBawo wam, ukuba anikholwa ndiM, kholwani yiyo imisebenzi, umqondiso." U-Imanuweli! "Mna noBawo waM sibanye. NguBawo waM owandithumayo. Njengokuba ENdithuma, ndiyanithuma naM. UBawo, othume Mna, ukunye naM. Ungaphakathi kuM wenza imisebenzi ngokwaKhe. UnguThixo esenyameni."

87 Akazange afumane ukuyingcamla loo nto uLothe ngaphambi kokutshatyalaliswa? Xa, Wabona uThixo ebonakalaliswe esenyameni, esidla ithole, esela ubisi lwenkomo, esidla isonka esiphuma emhlabeni, waze wema

umva waKhe ewuzise ententeni, enesimelabizo somntu, “Mna. Mna njengoko u-Abraham eyindlalifa yehlabathi, Mna . . .” Ngamanye amazwi, “Ndiyakuyenza yazeke kuye.”

88 Wayengubani Yena? Ngoko Wathi, “Abraham, iphi inkosikazi yakho, uSara?” Yamothusa loo nto. UThixo, emi kwisiqu sikaKristu, enziwe inyama.

Wathi, “Usententeni, emva kwaKho.” USara wahleka. Waze wathi Yena, “Uhlekele ntoni uSara?”

89 Xa u-Imanuweli weza ngesizalo somfazi, endaweni yokuba avele engumzimba ongowomoya, Wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu.”

90 Xa Wayelapha emhlabeni, abo bapostile bephuma neVangeli, ngokokude neeNgelosi zikhangele ngaphaya kweentsika zeZulu, amajelo eLizwe laseBuqaqawulini, ukuze zikhangele kuYe. Kuni basibhalayo iSibhalo, njengokuba ndibona nibhala, uTimoti wokuQala 3:16. “Ngaphandle kwamathandabuzo inkulu imfihlelo leyo yokuhlonela uThixo: kuba uThixo wabonakalaliswa esenyameni kwakholwa kuye ehlabathini, wabonwa ziiNgelosi.” IiNgelosi zaphakama zakroba ukuze zibe nokukhangela kuThixo. Zazikhe zaphakamisa izandla zazo phambi kwaKhe ngaphambili, zikhwaza, “uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele,” xa Wayehleli apho, eyiNtsika yoMlilo, ekubuqaqawuli beZulu. Waze wathi Akuba ngumntu, iNgelosi zeza zakhangela ngaphaya ukuze ziMbone, uYehova, enziwe inyama. Ngokuqinisekileyo, “Ngaphandle kwamathandabuzo inkulu imfihlelo leyo yokuhlonela uThixo.”

91 “Ndiyakuninika umqondiso ongunaphakade,” kuba uThixo wenziwa inyama phakathi kwethu. Wahlala esenyameni. Iyakuba ngumqondiso ongunaphakade lowo. Ingengomqondiso kubelusi bodwa wokuba bakhangele bakholwe, koko ngowenu nani Mnquba kaBranham, ikwanguwo noweli hlabathi likhohlakeleyo, ukuze likholwe ukuba lowo nguThixo. UThixo wanikeza ngaloo mqondiso. UYesu wathi, “Njengoko uBawo ophilileyo endithumile Mna, waza weza kunye naM, wabe engaphakathi kuM; ngokunjalo Mna ndithuma nina, uBawo ophilileyo uyakuhamba nani abe ngaphakathi kuni, umqondiso ongunaphakade. Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo. Yabona, Ndiyakuba nani, ndibe ngaphakathi kuni, kude kube sekupheleni komhlaba. Ndiyakuba nani. Ukuphela komhlaba, ndiyakuba kho ndikunye nani.”

92 Umntu othile, njengokuba benditshilo ngaphambili, ufuna ukuMenza into encinci, engeneno kukaThixo. Wayengumntu; uThixo wayesebenzisa umntu. UThixo wayesebenzisa inyama Awayidalayo, ngokwaKhe, esenzela ukuze adale ngaYe, “Nokuze avelise ngaYe oonyana abaninzi,” sitsho iSibhalo, “ngaloo Nyana uthobelayo. Ngonyana omnye, bawa bonke. NgoNyana othobekileyo, bonke bayakuphila, abo bakholwayo.”

"UThixo unathi," umqondiso, wathi iyakuba ngulowo umqondiso. Wathanda ukubhekiselela kuYe njengo "Nyana womntu," engumntu isiqu saKhe, umntu nje. "Akukho nto ndiyiyo; uNyana akanakwenza nto ngokwaKhe." Koko nguYise owayengaphakathi kuYe, u-Imanuweli, uThixo.

93 U—Usana, uThixo, uYehova uThixo. Olo sana luncinci lwalulila, yayinguYehova lowo. Uyayibona? UThixo ephila ngaphakathi kusana.

94 UThixo ephila ngaphakathi kosakhulayo. Wayengumntu osemtsha onjani Yena? Wasibekela umzekelo. Wathi Akulahleka kutata nomama waKhe, bakhangela jikelele ukuze baMfumane, baza bamfumana etempileni. Wathini Yena, engumntwana osakhulayo nje? "Anazi na? Anazi na ukuba ndimelwe kukuba semcimbini kaBawo waM?" Umzekelo wabantwana abasakhulayo.

95 Njengendoda, nabo bonke ubunewu-newu behlabathi bunikelwa kuYe, yonke into isezandleni zaKhe kanye, ukuze abe ngoyena mkhulu kubo bonke abantu, oyena usisityebi kubo bonke abantu; Owayekwazi ukuxelela abantu apho yayikhona intlanzi eyayinemali eyingqekembe emlonyeni kuyo, owayekwazi ukomba awona manzi angcono aphuma emaquleni awajike abe yiwayini, owayekwazi ukuguqula nantoni na Awayefuna ukuyiguqula; owayekwazi ukuthabatha amaqebengwana amahlanu ondle amawaka amahlanu. Wayenamandla ezandleni zaKhe wokuba angayindoda ebalulekileyo, kodwa nangoko wanyula ubuhlwempu. Akazange abenalo nengcwaba ekufeni kwaKhe. Kwanyanzeleka ukuba aliboleke. "U-Imanuweli, lo iyakuba ngumqondiso." Uza njani uThixo? Esebuhlwempini. Usebenza njani uThixo? Uyakuba ngumqondiso ongunaphakade, nabangamahlwempu, abangafundanga.

96 "Umqondiso," watsho umprofetikazi omkhulu, u-Anna. Xa uSiniyon waphakamisa izandla zakhe etempileni, ebambe Lowo mncinane ekwiqhiya yokusongela. U-Anna uthi, "Ungumqondiso okuya kuthethwa kakubi ngawo, ngenxa yokuwa kukaSirayeli, kodwa abuye ahlanganise kwakhona, kananjalo, isiKhanyiso seeNtlanga."

97 Intoni? "UThixo unathi," engekho kwabazityebi nabaphakamileyo, koko kumahlwempu. Wazalelwa esitalini, "UThixo unathi." Wenza hlobo luni lwezinto Yena? Khangela izinto zaKhe Awazithethayo. Khangela kuYe, oko Wakuthethayo.

98 Kuba, uThixo ngokwaKhe wathi, "Lo nguNyana waM oyintanda, mveni Yena. Lo nguNyana eNdikholisiweyo kukuhlala ngaphakathi kuye. Mveni Yena." Wathi, "Ndiyakuba nani njalo, kude kube sekupheleni."

99 Wakhupha wathuma abapostile baKhe. Bawutshisa bawuvuthulula umhlaba, ngemihla yabo, njengoThixo esiba mnye nomntu. Babhaptiza abantu eGameni laloo Thixo, uYesu Kristu. Babephila ngokusondele kangako kuYe ngokokude AZibonakalalise ngabo, ngemiqondiso nemimangaliso nezipho zoMoya oyiNgcwele. "UThixo unathi." Bashumayela ukuba kwakukho uThixo omnye ophilileyo oyinyaniso.

100 Umntu wakhe zonke iintlobo zeenqaba ezinde phezu koothixo abathathu mhlawumbi abane, okanye oothixo ababini, kodwa mnye uThixo. Loo Myalezo wawuya kuvuselelwa ngomhla wokugqibela.

101 Kungcono nicinge kakuhle ngoku, vulani iintliziyo zenu. Celani uThixo ukuba akutyhile oku kuni, lento ndizakuyithetha.

Ekuzeni kwaKhe, Wazalisekisa oko kwathethwa ngumprofeti.

102 Kwaye xa Esiza ngemihla yokugqibela, kwimvula zamva zikaThixo, xa zombini eyaphambili nemvula yamva iyakube igalelwe, Uza kanye ngokuchanekileyo ngalaa ndlela kwakuprofetwe ngayo ngaYe. "Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa." Kwakuza kwenzeka ntoni? U-Imanuweli, kwaloo Nyana mnye, kwa oko kuKhanya kunye, laa Thixo mnye weza kuhlala enyameni, kunye nabantu baKhe ngomhla wePentekoste, uza kungena ngendlela efana naleyo ngemihla yokugqibela, kuba kuyakubakho ukukhanya ngexa langokuhlwa. Yintoni leyo? Kuyakubakho umqondiso, umqondiso ongunaphakade: uThixo unathi, uThixo unathi, uThixo ngathi. Umntu noThixo baba mnye. UYesu wafa, ukuze Abe nokunikela ngobo bomi bunexabiso, ngesigqibo saKhe. (KuMyalezo weCawe ephelileyo.) Ngokuba, wanikezela ngabo ngenxa yesigqibo, ukuze Abe nokuzisa oonyana abaninzi kuThixo. U-Imanuweli unathi. Abantu bokuKhanya kwangokuhlwa, iyakubatsala loo nto.

103 Xa uThixo wanikela ngomqondiso, "Iyakuba ngulo umqondiso. UThixo uyakube ehleli enyameni." Wacinga ukuba loo nto iyakubatsala abantu. Yaza yenza njalo. "Kuba bonke abamaMnkelayo, Wabanika iGunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo."

104 Yaye kufanele ukubatsala abantu bokuKhanya kwangokuhlwa xa beboniswa kwa oko kuKhanya kunye. UThixo noKristu mnye. UPetros wathi, "Makwazeke kuni, ukuba uThixo umenze kwayena loo Yesu, naMbethelela emnqamlezweni, kokubini iNkosi noKristu." Umqondiso, ekuthethwa kakubi ngawo, kodwa iziBane zangokuhlwa zilapha.

105 Njengomlungiseleli ongasekhoyo weVangeli, ekuqaleni komyalezo wePentekoste ukuwa, ongasekhoyo uGqr.

HayWood, kanye phambi . . . Yena, ndiyaqonda, akazange . . . Mhlawumbi ngethuba wayesemtsha kakhulu, ngenye imini wakuhlelwa nguMoya. Wayeyimbongi, ngaphandle kokuba engumshumayeli. Waxhiphula usiba lwakhe wayibhala.

Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa,
Indlela eya ebuqaqawulini niyakuyifumana ngenene;
Indlela yamanzi ekukuKhanya namhlanje,
Ningcwatye eGameni likaYesu.
Batsha nani badala, guqukani kuso sonke isono senu,
Kwaye uMoya oyiNgcwele uyakungena ngenene;
Kuba iziKhanyiso zangokuhlwa zifikile,
Yinene eyokuba uThixo noKristu mnye.

106 IZibane zangokuhlwa! Ukuba sihamba ekuKhanyeni kwangokuhlwa, umqondiso wangokuhlwa, ngoko kwakunyanzelekile ukuba ibe kwakoko kuKhanya naloo mqondiso mnye, umqondiso onguNaphakade. Ngoko loo miqondiso ifanayo iyakulandelana nokuKhanya kwangokuhlwa. Owu! NiyaYibona? NiyaYiqonda? Nanko uMyalezo wale Krismesi. IZibane zangokuhlwa, imiqondiso kaMesiya iWukhapha, ikhapha uMyalezo. IZibane zangokuhlwa ezilapha.

107 Kuthethwa kakubi ngawo. Bayakunidanisa, abazalwana benu. Ngubani owaMdanisayo? Ngabazalwana bakhe. Babethanda ukuMbona esenza imimangaliso. Kodwa kwathi kwakufika eKalvari, babephi bona bonke? Kwakufika kuloo mzuzu unzima, apho uThixo iNyaniso yaKhe neBhayibhile yaKhe amelwe kukubonakaliswa, baphi? Babuya umva bemnka.

108 "Kuyakubakho umqondiso eniya kuwunikwa. Nantsi ke imiqondiso eyakulandela. Imisebenzi endiyenzayo Mna, niyakuyenza nani; nemikhulu kunale, ngokuba Ndisiya kuBawo wam."

109 "Kuyakubakho ukuKhanya kwakhona ngexa langokuhlwa." Owu, lo mhla umnyama sithe saphumela kuwo! Kodwa isithuba samashumi amane eminyaka amafu ebesiya etyhila, ngokokuqala ukuhlaziya, wokuziswa koMyalezo wokuba uThixo noKristu mnye, wokuba uThixo wabonakalaliswa esenyameni. Wanyula ukuhlala enyameni yomntu. Kwaye namhlanje baMenza into ethile ehleli phezu kwetrone, baMenza into ethile yangaphambi kwendalo, abanye babo bafuna ukumbuyisela emva ekubeni abe sisazi-nzulu, abanye bafuna ukuMenza umprofeti. Kodwa, mzalwana, Yena unguThixo engaphakathi kuwe, uThixo ebonakalaliswe esenyameni. Njani?

110 Bazi njani ukuba WayenguThixo esenyameni? Wathi, “Ukuba andyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko ndenze okuphosakeleyo. Kodwa ukuba Ndiyayenza imisebenzi kaBawo waM, kholwani yiyo.”

111 Ke ngoku ikwayinto enye. Umyalezo uvuselelwe kwakhona kwimihla yokugqibela, uMyalezo wokuba UnguBani na, into Ayiyo. U-Imanuweli ehleli ngaphakathi kuni, ekwanaloo misebenzi Wayenzayo, eZibonakalalisa ngani, kwaloo misebenzi minye Wayenzayo. KukuKhanya kwangokuhlwa. Kuthethwa kakubi ngako. Yindlela enzima.

112 Yaba nento eyithethayo kumlawuli owayesisityebi esiselula, ukanti intliziyo yakhe yayilambile, ilambele ukuza kuYesu, waze wathi, “Rabi, ndenze ntoni na ukuze ndibudle uBomi obunguNaphakade?” Wathi, “Gcina iMithetho.”

Wathi yena, “Ndayenza loo nto ndisengumntwana.”

Wathi, “Ufuna ukugqibelela ngoko?” Wathi, “Landela Mna.”

113 Kodwa wemnka ebuhlungu. Yayilixabiso eliphezulu ukuba angalihlawula. Ukuba nje ngewayeMnike nje imali ethile azakhe inkonzo enkulu kwindawo ethile, azibeke njengelungu, ngewayenza ngokulula loo nto. Awuyiboni indlela efuziselwe ngayo loo nto namhlanje phakathi kwabazizityebi? Kwakukho abanye.

114 Ingezozityebi zodwa, koko namahlwempu; abaninzi babo babephuma kwimihadi yekalika, njalo njalo, bala ngenxa yodumo. Ngokuba, Wayengadumanga. Wayengu-Imanuweli. Bathi, “Kukugxeka oko. Ngu—NguMtyholi lowo. Kukufundwa kwengqondo okuya. Ngu—NguBhelezabhule lowa.” Abafundisi baloo mhla, iinkonzo zabo ezinkulu, bathi, “Yimfeketho,”

115 Kodwa uThixo wathi, “Ngumqondiso onguNaphakade, owona mqondiso mkhulu, ngumqondiso wayo yonke imiqondiso, yokuba uThixo unani, engaphakathi kuni, kude kube sekupheleni kwehlabathi.” Nanko umqondiso wakho ongowona mkhulu. Udlula yonke imiqondiso. Ungumqondiso wokuqala. IZenzo 19, aboo bantu babebuyile baze bawuqaphela loo mqondiso, phambi kokuba babe bamnkela uMoya oyiNgcwele, iZenzo 19:5. Ukanti, ikholwa elalineBhayibhile, kwaye lalinomshumayeli ophucukileyo owayeqondakalisa ukuba uYesu wayenguKristu, ukanti ngaphambi kokuba bangene kuloo Nto . . . Nokuze babone imiqondiso, banyanzeleka ukuba beze baphinde ukubhaptizwa, kubekwe izandla phezu kwabo bamnkele uMoya oyiNgcwele. Yinyaniso leyo.

116 Kodwa ngexa langokuHlwa, iZibane zilapha. Kwaye Uyagxikizwa. Kuhlekiswa ngawo. Kuthethwa kakubi ngawo. Umprofeti wathi kuyakuthethwa kakubi ngaWo, “Ilityе

lesikhubekiso." Kuthethwa kakubi ngawo kuhlekiswa ngawo, uyagxekwa; u-Imanuweli engaphakathi kuthi, esebenza intando yaKhe ngathi.

117 Owu, namhlanje, mzalwana wam olundwendwe, dade wethu, kholwa kuloo mqondiso. Khangela ngaphakathi kumkhombe weyakho intliziyo, ubone ukuba unako na ukuthetha ngaphakathi kwakho. Ubone loo mqondiso bawubonayo abelusi. UThixo esenyameni, ehleli phakathi kwamahlwempu, abasweleyo, abalahlelwe ngaphandle. Ubone ukuba ungaWuqonda na. UThixo entliziyweni yakho, uThixo *elapha*. Khangela ubone ukuba UZibonakalisa kakuhle, kubumnandi nokuthobeka, njengoko Wenzayo.

118 Kwiminyaka embalwa eyadlulayo, kwakukho intombazana eyayiphuma ekholejini, yaze, ikunye nabaninzi babalingane bayo apho, yaba ngozicingela ukuba uyazi komncinane, isuka ekufundisweni kwakudala kwangaphandle eyayinako, njengokukamama wasemaphandleni. Yaze ngenye imini yagqiba, kwiminyaka emibini emva koko, ukuba mayityelele umama wayo kwakhona. Yambhalela incwadi ethunyelwa ngokungxamisekileyo yamxelela ukuba izakufika ngololiwe othile-thile, ukuze aye kumhlangabeza esikhululweni. Ukanti, yeza nenye intwanazana ezicingela ukuba ikrele-krele. Njengokuba nayo yayisele ingozenza krele-krele, okwayo. Yaze yeza nomnye ehamba nayo, yayingomnye ongathi ngoochwepheshe balemihla, abazi yonke into, abaselula abaphambili.

119 Yathi yakufika esikhululweni, yakuqalisa ukuhla kuloliwe, yakhangela. Nanko umama wayo emi phaya, ekhangele ngako konke okwakungaphakathi kuye, ukuze abone ukuba yayiphi na intombi yakhe. Yaze yathi intombazana eyayikunye nayo, umama . . . yabona ubuso bakhe bunezinxenxe bonke, nezandla zakhe zitshile. Wayekhangeleka embi, emdala, ekhangeleka embi. Yaze loo ntombazana yayikunye noMary, yathi kuye, "Ingaba ngubani bethu laa nto ikhangeleka kakubi?"

120 Yaze loo ntombazana yanentloni ngomama wayo. Yathi, "Andazi. Andazi ukuba ngubani na."

121 Waze umama wayo, wakubona intombi yakhe, wabaleka waphosa iingalo zakhe ngaphaya kwayo, waqalisa ukuyiphuza.

122 Yamtyhalela kude, yathi, "Andikwazi. Ubambe umntu ongenguye," ngokuba yayingafuni kuzibandakanya nomntu onjalo owayethe wahlekwa ngomnye umntu ehlekisa ngaye.

123 Kwenzeka ukuba kanti kukho indoda, unogada kuloliwe, eyayimi kufutshane. Yambamba egxalabeni loo mfazi uselula. Yathi, "Ukuba lusizi, ntondini ilusizi! Ndilikhumbula kakuhle ibali."

124 Bahlanganisana abantu ukuza kuva ukuba kwakwenzeke ntoni na. Waza wayibamba loo ntombazana, waze wathi, "Le

ntombazana incinane, xa yayineenyanga ezintandathu ubudala, yayikwibhedi encinane yayo yosana kwigumbi eliphezulu. Umama wayo othandekayo ke, oyena mfazi wayemhle ndakha ndambona," watsho lo nogada mdala. Wathi, "Indlu yatsha ngethuba umama wayo wayexhoma impahla. Baza abamelwane beza bebaleka, bekhala. Bayibona loo nto. Umama akazange ayiqaphele. Yayikwicala legumbi eliselungqamekweni lwendlu. Abe amadangatye sele efikile kuyo, yabe iyokungena emoyeni."

125 Waza wathi, "Abazange babe nakumbamba loo mama wayephatshuzela. Usana lwakhe lwalukwigumbi eliphezulu." Waze wathi, bonke bona bekhala, "Awunakugqobhozela kuwo, 'kuloo madangatye.' Kodwa waxhiphula ishiti elalisesandleni kuye, esiya kulixhoma phezulu, kwaye yayilishiti elimanzi. Waze waluphosa phezu kwakhe, nako egqobhozela emadangatyeni, enyuka izitepusi, engacingi ngengozi awayekuyo yena. Waze wathi akufika apho, wazi ukuba akangekhe azisongele ngeshiti yena xa ebuya. Koko, ukusindisa ubuhle bentombi yakhe eyayizakulandela yena, wasongela usana lwakhe ngeloo shiti, wabaleka ukuphumela kuloo madangatye, ubuso bakhe buze nezandla zakhe neengalo. Yaze loo nto yatshisa inyama yesuka emzimbeni kuye, izidlele zashwabana zancamathela emathanjeni akhe, wonakala ke, zatsha iinwele zakhe zesuka, nayo i—i . . . onke amathambo eminwe."

126 Wathi, "Waba mbi, khon'ukuze wena ubemhle. Wanikela ngobuhle bakhe, wanikela ngayo yonke into awayenayo, ukuze abe nokusindisa wena. Uze ke ume apho ube neentloni nguloo mama uthandekayo?"

127 Mzalwana, ndakubona uThixo, uThixo weZulu, eshiye iTrone, ubuhle baKhe, nako konke Awayekuko; ukuze azokuzalelwa phezu kwenqumba yomgquba, asongelwe ngeeqhiya ezingamaniki-niki, ukuze kuhlekiswe ngaye ngemiqondiso yaKhe nemimangaliso yakhe, abizwe ngokuba ngumtyholi; ingaba ndiyakuba neentloni ngaYe? Hayi, mhlekazi. Malithi ihlabathi labodidi lenze loo nto lifuna ukuyenza. Kum, Ungowona mqondiso mkhulu. UMoya oyiNgcwele ongaphakathi kwam uyakhwaza. Loo nto isenokundenza ndenze izinto ezingaqhelekanga ndibe yindoda ephambeneyo, ngokwelihlabathi, kodwa andinakuze ndiMkhanyele Lowo wandenzela okungako. Wathabatha indawo yam ekufeni. Wathabatha indawo yam eKalvari. Wenza zonke ezi zinto. Wazihlisa esuka eZulwini, esuka kwiitrone ezimhlophe zeperile, ukuze abe ngumntu; ukuze angcamle ukuhlupheka, ukuphumela kwizilingo zam, ukuze azi ukuba uyakuba luhlobo olululo lomlamleli kum, ukuze andikhokele andibone ukuya eBomini obunguNaphakade. Nokuphumela kubuhlwempu baKhe, ndenziwe ndasisityebi. Nangokufa kwaKhe, ndinikwe uBomi obunguNaphakade.

128 Musa ukuMkhanyela. Musa ukuba neentloni ngaYe. Musa ukuba neentloni ngaYe. Koko Mange, uthi, “Ewe, Nkosi yam Ethandekayo, ndinike njengoko benzayo ngoMhla wePentekoste, Nkosi. Ndiphe uMoya oyiNgcwele. Galela Wona entliziyweni yam. Andikhathali nokuba abasakhulayo bathini na. Andikhathali nokuba lithini na ihlabathi. Andikhangelanga kubo. Ndikhangele kuWe.” Yintoni na? Kukujoyina inkonzo? Hayi. Ngowona mqondiso mkhulu, u-Imanuweli, uThixo unathi.

Masithandaze.

129 Kwaba baphulaphuli babantu ngale ntsasa, ngaba ukho apha ongathanda ukuthi, “Kum, ndineentloni ngobomi bam. Andinantloni ngaYe. Ndinentloni ngobomi bam.” Ukuba ndinikele kuYe Lowo wenziwa wambi, waze wadelwa lihlabathi.?

130 “INdoda yentsizi, oqhelene nesifo. Sonke sabufihla ubuso kuYe,” watsho umprofeti. “Wayedeliwe eshiyiwe. Ukanti, thina sasiba ungobandezelwa nguYe ungobethwa nguThixo. Ukanti, Wahlatywa ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo lwaluphezu kwakhe, saphiliswa ngemivumbo yaKhe.”

131 Ingaba uyakuba neentloni ngaYe? Ukuba kunjalo, yiza esibingelelweni uguquke kwisono sakho. Ukuba awunantloni ngaYe, ube unentloni ngobomi bakho othe wabuzisa kuYe, into embi olo hlobo. Ube neentloni amaxesha amaninzi, phambi komphathi wasemsebenzini; phambi kwabafazi abangabahlobo, phambi kwamadoda angabahlobo, phambi komthandayo oyintombazana okanye komthandayo oyinkwenkwe. Ube nentloni ngaYe, u-Imanuweli ehleli ngaphakathi kuwe. Phakamisa izandla zakho uthi, “Thixo, ndixolele ngokuba neentloni.”

132 Nkosi yethu noThixo wethu, siza ngokuzithoba siKucela ngobabalo ukuba wamnkele ukucela uxolo kwethu, kusasanje, ngako konke ukusilela kwethu, kuba sisonke amaxesha athile siba netyala. Netyala lokumela iNyaniso. Sinetyala. Xa befuna ukusibiza ngamagama athile amabi, anjengokuthi, owu, “mqengqeleki ongcwele,” okanye into ethile engcolileyo engenjalo, ukanti ngamanye amaxesha sibuya umva njengoPetros sizifudumeze kumlilo wotshaba. Sixolele, Nkosi.

133 Unyaka omtsha usondele kuthi. Sanga singaqala ngayo le yure, siwubone owona mqondiso mkhulu kaThixo phakathi kwethu, uThixo ephila ngaphakathi kuthi, ehleli ngaphakathi kuthi, esebenza, esenza ngokuchanekileyo ngaloo ndlela Wayesenza ngayo. NeziKhanyiso zangokuhlwa zilapha.

Sixolele ngokusilela kwethu. Xolela izono zethu.

134 Kwaye thina ngenceba enkulu, Nkosi, samnkela iSipho saKho seKrismesi, uNyana kaThixo, ukuze ahlale enyameni yethu, kuthuli lwethu, ukuze ahlale nathi, eZingcwalisela oko ngeGazi ElilelaKhe, esinika isiqinisekiso soBomi obunguNaphakade. SiyaKubulela. NdiyaKubulela, Nkosi, ngesi Sipho simangalisayo siphuma kuThixo, kuba Sisisipho, isipho soMoya oyiNgcwele, sonke sisongelwe eGameni leNkosi uYesu. SiSamnkela ngovuyo. SiyaKubulela ngenxa yokuba ibandla lethu limele loo mqondiso, ngokuba umqondiso lowo umele iMfundiso yeBandla. Simele Wona. Wona usimele. Kwaye uyaziwa phakathi kwaMakristu kwihlabathi liphela namhlanje, ngabangamahlwempu, iqela labantu abangazinto abakwase-8 kunye neSitrato iPenn, eJeffersonville; ukuba u-Imanuweli, iNtsika yoMlilo ephuma entlango, uYesu waseGalili, uMoya oyiNgcwele wePentekoste, wenziwe wabonakalaliswa ngayo yonke imiqondiso ka-Imanuweli kwiZikhanyiso zangokuhlwa. Sinombulelo kakhulu, Nkosi. Yaye banga nabanye bangaWubona baWamnkele. Kuba, sikucela oku eGameni likaYesu, sisenza ngenxa yaKhe nangenxa yeBandla. Amen.

135 Akwaba bendinelizwi lomculi. Ukuba bendinelizwi lomculi nje ngoku, bendiya kuthanda ukuniculela iculo lam endilithandayo, elabhalwa ngumhlobo wam othandekayo, uWilliam Booth-Clibborn.

Wehla ebuqaqawulini baKhe, imbali ehlal'ihleli,
UThixo noMsindisi wam weza, inguYesu iGama laKhe.
Wazalelwa esitalini, ingowasemzini kwabangabaKhe,
UThixo wentsizi, iinyembezi kwanobuhlungu.

Owu andiMthandi ngako! AndiMbuleli ngako!
Bubomi bam, ukukhanya kwelanga kum, yinto yonke kum!
UMdali omkhulu waba nguMsindisi wam,
Nayo yonke inzaliseko kaThixo yayihleli kuye.

Kokunjani ukuzehlisa, kusiziza intlangulo;
Xa kwakumnyama ngokokufa, kungekho nelincinci ithemba elibonakalayo; (kwaza kwavela loo mbane uzizintlu!)
UThixo, onexabiso, onobubele, wabekela bucala ubuqaqawuli baKhe,

Wehlela emkhombeni, esitalini esizele ngumgquba, ukuze azalelwe kuso.

Esihlela ukurweba azuze asindise umphefumlo wam.

Owu andiMthandi ngako! Owu andiMbuleli!
Ngumphefumlo wam, kukukhanya kwelanga kum,
Yinto yonke kum!
Umdali omkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo yayihleli kuYe.

136 Kwaye ngoko Yena ungaphakathi kum, ndibe mna ndingaphakathi kuYe. Nakuni . . . "Ngaloo mhla, niyakwazi ukuba Mna ndikuye uBawo, uBawo ungaphakathi kuM, ndibe mna ndikuni, nina nikuM," uThixo, u-Imanuweli, enathi.

137 Yayinguloo Imanuweli owabona uGeorge Wright, ohleli ezantsi nje phaya ngoku; engqengqe apho esifa, xa oogqirha abane bedlulayo kuye. Yayinguloo Imanuweli, xa Wayeboleke isizalo, xa kwakunyanzelekile ukuba aboleke i—ingcwaba. Waboleka amehlo am, wathi, "Hamba uye kuxelela uMzalwana George, 'ITSHO INKOSI. Nguye oyakumba ingcwaba labo bashumayeli nezinto ezimhlekayo.'"

138 Yayinguloo Imanuweli. YayinguLowo kanye, malunga nezilwanyana ezincinane, ngenye imini phaya ematyolweni. YayikwanguLowo mnye, malunga noMaggie Morgan ehleli apho, bebonke ke. YayisekwanguLowo waboleka ukusebenza kwengqondo, izimvo zomzimba, ukuze aZivelise kwihlabathi namhlanje, ngawe, ngethuba lokuba iziKhanyiso zangokuhlwa zikhanya. UThixo makabe nenceba, sihlobo.

139 Ndithatha ixesha lenu elide kakhulu. Masilizane. Khawusiphe isingqi, "Owu andiMthandi ngako!" Bangaphi abalaziyo?

Owu andiMthandi! AndiMbuleli!
Bubomi bam, kukukhanya kwelanga kum,
yinto yonke kum!
UMdali omkhulu waba nguMsindisi,
Nenzaliseko kaThixo yonke yayihleli kuYe.

[UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *uDown From His Glory*—Mhl.]

How I adore Him!
My breath my sunshine, my all in all!
The great Creator became my Saviour,
And all God's fullness dwelleth in Him.

140 [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *uDown From His Glory*—Mhl.] Ngoku lithuba laKhe ukuba abonise ubabalo lwaKhe. Umama ozisa usana oluncinane, lunesifo segazi, umhlaza kumjelo wegazi lalo. Babunjalo ubomi kusana? UThixo uyaliva izwi lam lithetha ilizwi, kwaye kuyakuba njalo.

Kuba, Nkosi, Wena uthe, "Yithi kwintaba, 'Suka.' Ungathandabuzi."

EGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, ndiyayiqalekisa le demoni ibizwa ngokuba sisifo segazi. Isifo somzimba walo mntwana, siyakumnka. Sinyanzelekile ukuba simnke. EGameni likaYesu Kristu, kwanga kunganjalo.

Kukukhanya kwelanga kum, into yonke kum!
UMdali omkhulu waba nguMsindisi waM,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

141 AndiMthandi ngako! AndinakuYiyeka nje. Ndifuna ukuba, kanye njengoYakobi, wabambelela kuYe.

. . . Mbulele ngaYo!
Ngumphefumlo wam, kukukhanya kwelanga kum, yinto yonke kum!

"Nantsi into eyakuba ngumqondiso."

UMdali omkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

142 Unjani ukuthandeka Yena? Aniziva nifuna ukuMdumisa? SikuMoya nje, siMdumise nje. [UMzalwana Branham uqalisa ukungqumshela, *Down From His Glory*—Mhl.] Zilibale nje ngoku. Musa ukuba neentloni. UMoya oyiNgcwele ulapha. NguMoya oyiNgcwele lowo. Ngokuthambileyo nje, ngendlela eyeyakho.

UMdali omkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

Nantso ke.

Kokunjani ukuzehlisa, esizisa intlangulo; ("Oko kuyakuba ngumqondiso.")
Xa kubusuku obumnyama bokufa, kungekho nelinye ithemba lokukhanya;
UThixo oxabisekileyo, onobubele, wabekela bucala ubuqaqawuli baKhe, (Cinga ngoko Wakwenzayo!)
Wehlela ukuza kutsala, azuze asindise umphefumlo wam.

143 Masiphakamise izandla zethu xa silicula.

Owu andiMthandi ngako! Owu andiMbuleli ngako!
Ngumphefumlo wam, ukuKhanya kwelanga kum, uyinto yonke kum!
UMdali omkhulu waba ngumsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

144 Nkosi, asinakuze sibe nako ukubuqonda ubutyebi, inzaliseko yoMoya waKho, side siMbone ngaloo mini xa Ayakuza. Sisenokuba silele eluthulini. Ndisenokufuneka ndibuyele emva kuthuli lwakuqala, kodwa loo nto ayisayi kundihlupha nakancinane. "Ndiyazi ukuba Uyakubiza, ndize ndiphendule. Ndize ngoko ndiMbone njengoko Enjalo. Lo

mzimba unokonakala uyakuguqulwa wenziwe ufane nomzimba waKhe Wobuqaqawuli, ayakuthi ngawo Abe nokuthobela zonke izinto phantsi kwaKhe."

145 Andinakuze ndikwazi ukuba nombulelo kuWe ngenxa yesipho seKrismesi esinguKristu entliziyweni yam, ukwazi ukuba usekwanguloo Kristu, ngokuba Wenza kwaloo nto inye. Undenza ndizive ndenze njengokuba Wenzayo ekuqalekeni, kumkhonzi waKhe.

146 Ndiyabulela ngeBandla elikwihlabathi lonke, eloyisayo, esele limiselwe ngenxa engaphambili, labizwa, latywinwa, lamiselwa ukuze libe kuloo Mzimba. Ndibafumana e-Asia, e-Afrika, eRome, kuyo yonke indawo, e-Indiana, kwisizwe sonke, e-Afrika. Kuyo yonke indawo ehlabathini jikelele, ndifumana eloo Bandla lililoyiso, abo baziyo Wena uze usenyameni. Kwaye Wena watsho ukuthi, "Wonke umoya . . ." EBhayibhileni yaKho, Wathi, "Wonke umoya ongayivumiyo lento, ngumoya ongenguwo, umchasi-kristu. Wonke uMoya ongangqini kwalento inye, yokuba uKristu uzile ekwinyama yethu, ngumoya womchasi-kristu."

147 Bawo, Thixo ndincede ukuze—ukuze ndixhuzule ndikhuphe ezo zikhuni zivuthayo phaya ngaphesheya. Ndiyazibona, Nkosi, phaya ngaphesheya. Ndibona abaneqhenqa emasangweni, khangela phaya kwi-India, kwiTaj, esangweni, ezo zinto zilusizana zirhubuluza emhlabeni, zingenanyawo. Ndibona loo makhwenkwe alusizana mancinci amnyama phaya ngaphesheya e-Afrika, izandlana zawo ezincinane zithiwe na. Owu Thixo, ndithume, Nkosi. Mayize iNgelosi iphethe ilahle loMlilo, livutha ukungena emphefumlweni wam, Nkosi, lisuse lonke uthuli nokunqena kuphume, ukuze ndibe nokuhamba njenge—njengesikhuni esivuthayo sikaThixo, ukuze ndikhuphe emlilweni aboo bakubumnyama obungqingqwa.

148 Sikelela ibandla lam elincinane, Nkosi. Owu, ingathi ndiyayibona loo ngqushu incinane yothuli ukuhla apha, ndibone nabantu abathandekayo. Abantu beqhuba besezinqweleni zabo bedlula, bebahleka, ngokuba baziphakamise izandla, bedumisa uThixo. Kodwa ngenye imini uYesu uyakufika, zonke izinto ke ngoko ziyakulungiswa. Asisayi kuba nantloni, Nkosi. Siyakungenelela kuPawulos wakudala, sithi, "Andinazintloni ngeVangeli kaYesu Kristu, kuba IngaMandla kaThixo okusindisa, ukusa kuBomi obunguNaphakade, kuye wonke okholwayo." Sincede ukuze siphile ngaloo ndlela, Bawo. SiyaKudumisa ngoku sikuMoya, kwiindawo zaseZulwini. SiyaKubulela ngolu tyelelo lwale ntsasa. EGameni likaYesu. Amen.

149 Kube kanye nje, ncedani?

Owu aniMthandi ngako! Owu a . . .

Nkosi Yesu . . .?. . . eGameni likaYesu.

Uyinto yonke kum!
Umdali omkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

150 Ndisafuna okuthe chatha kwaKhe, awufuni wena, Doe? [UDelors uthi, "Ewe."—Mhl.] Ngudade wethu lowa, udade wethu ngokwasenyameni. "Owu indlela . . ." Umolokazana wam. Bafuna okuthe chatha kukaThixo. UMzalwana M.Grimsley uyeza, ufuna uThixo ngokuthe chatha. "Konke okwam . . ." Nantso ke. UMzalwana Woods, uyeza, uMzalwana Collins, umshumayeli womWisile; inkosikazi yakhe, abanye. ". . . waba nguMsindisi wam." Yimisebenzi kaMoya oyiNgcwele le ibizayo, ngokwaKhe. ". . . ihleli kuYe."

Owu ndiyaMthanda . . .

Yivakalise nje ngendlela eyeyakho ngoku loo nto.

AndiMbuleli ngako!
Ngumphefumlo wam, kukukhanya kwelanga kum, yinto yonke kum!
UMdali omkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

151 Nkosi, Nkosi, ngabo aba, izimvu zedlelo laKho. Zixheshise, Nkosi, ngoMoya waKho. Banikezela iziqu zabo kuWe, Nkosi. Banikezela ubomi babo kuWe, Nkosi. Banikezela ubomi babo kuWe. Beme ngenxa yokuba bengenazintloni ngeVangeli kaYesu. Siyazi ukuba ulapha Wena, uyiNtsika yoMlilo enkulu, uKristu, uMoya oyiNgcwele.

. . .-bulela Yena!
Ngumphefumlo wam, kukukhanya kwelanga kum, yinto yonke kum!
UMdali oMkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

152 [UMzalwana Branham uqalisa ukungqumshela *u-Down From His Glory*—Mhl.] Thetha nje ngamazwi angawakho ngoku. NguMoya oyiNgcwele lowo ukuzise apha. Mxelele nje ukuba uyaMthanda. Ikwanguloo Moya uyiNgcwele mnye wabaphakamisayo ngePentekoste, nimi apha, nikhala, nilila, nivuya.

UMdali oMkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

Kungekho kunqena, iyinyama negazi into Ayiyo, (usana oluncinane olwalukuye)
Wathabatha imo yomntu, watyhil'icebo elifihliweyo.
Owu imfihlelo ezukileyo, iDini laseKalvari,
Ke ngoku ndiyazi ukuba Wena unguLowo mkhulu u"NDINGUYE."

Owu indlela e . . . Owu Thixo! AndiMbuleli ngako!
Nomphefumlo wam, kukukhanya kwelanga kum, yinto yonke kum!
UMdali oMkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

153 Owu uthando olungasayi mnke, uthando olubamba intliziyo yam ludlule yonke into, ubumnandi boBukho boMoya oyiNgcwele; ngeli thuba ibandla laKhe limi lingqonge isibingelelo, libulela, likhangele emkhombeni wesitali, libona kwaloo nto inye yabonwa zizazi, uThixo enziwe inyama.

. . . Waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

154 Ukuba kukho nto ingalunganga ebomini bakho, yivume ngoku kuBukho boMoya oyiNgcwele, ngeli thuba ngokuzolileyo. Khangela ngaphakathi entliziyweni yakho, ubone ukuba ukhona na umkhombe wesitali apho onako ukumelana nokugxekwa, kuvumo lwakho lokuba Yena unguThixo.

Yonke inzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

155 Intloko zena zithotyiwe ngoku, nikela nje ngomthandazo, ngokwakho. NguMoya oyiNgcwele lo. Awukuva oko kuthamba nokuthobeka koMoya kaThixo, ubumnandi, uBomi obuhlala buhleli?

156 “Apho kukho iilwimi, ziyakuphela. Apho kukho khona isiprofeto, siyakusilela. Apho kukho khona ulwazi, luyakusilela. Kodwa kwakufika uthando, luhlala ngonaphakade.” “Uthando lunyamezela yonke into. Aluzigwagwisi. Alunankukhumalo. Aluziphathi kakubi, ngokuzintloni. Lona Lusenza sithobeke, lwenza kube mnandi kuthi, lufaka obo bumnandi emphefumlweni wakho.”

157 Masithandaze ngoku, mntu ngamnye ngendlela eyeyakho, ubulela uThixo ngento Ayenzileyo.

158 Owu Nkosi, ngobumnandi beli culo, buvakaliswa ngamaqhosha, ingesosandi singaqondakaliyo, koko isisandi esithetha ukuthi, ngubani na uThixo wethu, njengokuba iLizwi seliyicacisile loo nto. Ngoku umculo uyayivakalisa. Ngoku iintliziyo zethu ziyayivakalisa, Nkosi, iindlela zethu zokuza kuWe. Siza ngaphambili. Bemi ngeenyawo. BayaKuthanda. Sihlangene, Nkosi, simi njengezimvu zaKho, izimvu zedlelo laKho. Siyakuthanda oku Kudla, kuyilungele imiphefumlo yethu. Kwaye siyazi ukuba uThixo uhleli nathi. Siyazi ukuba uThixo wazikhuphela kuKristu, waze uKristu wazikhuphela ngaphakathi kwiBandla.

159 Naku ke simi namhlanje, xa zonke iintlobo zokunqula, nazo zonke iintlobo ze—zemvaba zobuhlelo nemigangatho, zonke

iintlobo zenkolo, ukanti nangoko iLizwi liyaZithethela, uThixo ebonakalalisiwe. Owona mqondiso mkhulu wokuba uThixo usabonakalaliswe esenyameni yabantu baKhe, esenza kwaloo miqondiso naloo mimangaliso, evela abonakale ekwimo yeLifu, iNtsika, ehleli phakathi kwethu, ecalula iingcinga zethu, esixelela kwangaphambili izinto ezizayo, ephilisa izifo zethu, esenza ukuba sisingise eZulwini ngokokude siphulukane nengqondo. Side, senze izinto ezingaqhelekanga, kubantwana behlabathi; indlela abema ngayo bahleke, baze bacinge ukuba siphambene, kanye njengokuba benzayo ngePentekoste, besithi, "Abanxilanga na aba?"

Kodwa andiMthandi ngako! AndiMbuleli ngako!
Ngumphefumlo wam, kukukhanya kwelanga kum, yinto yonke kum!
UMdali omkhulu waba nguMsindisi wam,
Nenzaliseko kaThixo ihleli kuYe.

160 Ingaba uphakamisa izandla zakho ngoku ubeke ukholo lwakho kuThixo, izifungo zakho kuThixo, ukuthembeka kwakho nobunyaniso bakho kuThixo, kwibandla lonke?

161 Thina ngoku, Nkosi, sizibeka kuWe, emva kwale ntsikelelo yokubonakalaliswa koBukho baKho, siyazi ukuba uThixo usabonakalaliswe esenyameni yethu. Waba luthuli lwethu, Waba koko kukokwethu; WaZixuba ephuma kuThixo ukuze abe ngumntu, ukuze abantu babe nokuphila kuYe. Kwaye siKuvile ngale ntsasa, kumoya wethu. Siyayibona imisebenzi yaKho nokubonakalaliswa kwaKho. SiyaKuthanda. Sithembisa ukuzinikela ngokutsha kuWe: ukuKuhlonipha, ukuKuthanda, nokwenza yonke into esaziyo ukuba yenziwa njani na, eyakuba yekholisayo, ukuphila ubomi obuya kuba njengobaMakristu, obungayi kuzisa hlazo, koko bube yintsikelelo kwiGama laKho eliNgcwele. Oku sikwenza, Nkosi, njengabantwana baKho eGameni likaYesu Kristu. Amen.

162 Ndifuna ukunibuza into phambi kokuba nihlale phantsi. Nakhe nayiva into emnandi olu hlobo? Ubumnandi boMoya oyiNgcwele! Kungekho mntu uthethe lizwi; bephakama nje ngokuzenzekela, besiza ngaphambili. Ubuqaqawuli bukaThixo! Yabona?

163 Bendifunda ndithandaza, iintsuku ezimbini, ngalento. Ngaphezu koko, ukusukela kwiCawe ephelileyo, okanye kwephelileyo, ngeCawe.

164 Indlela ekuthe ngayo loo Mqondiso ungowona mkhulu, indlela athe ngayo uThixo, "Ndiyakubanika umqondiso. Ndiyakuba senyameni. Ndiyakufana nabo; bayakuba njengaM bona." Wathi iNgelosi zakhangela ezantsi. Okanye wathi . . . Iingelosi zathi kubelusi, "Khangelani kumkhombe wesitali, niyakubona ukuba ndithetha ukuthini na." Loo

mqondiso yayingengoweNgelosi kuphela. Yayingengowabelusi kuphela. Yayingowehlabathi, ukuze libone likholwe ukuba uThixo uhlala enyameni.

165 Yaye ngomnikelo waloo nyama, Wangcwalisa eyethu inyama, ukuze Abe nokuhlala ngaphakathi kwethu. UThixo engaphakathi kuwe. UKristu engaphakathi kuwe. "Yabonani, Ndiyakuba nani njalo, kude kube sekupheleni kwehlabathi." Musani ukuyilibala lento. Yigcineni ezintliziyweni zenu.

166 Ndifumene izipho ezibalulekileyo ezihle zeKrismesi, ikhamera ethabatha imifanekiso ehambayo, nezinto ezininzi ezizezinye, imipu nezinto ezinjalo, zokuba abantu bayandithanda, bayandipha. Ndinombulelo kakhulu ngaloo nto!

167 Kodwa, owu, esi, obu Bomi bunguNaphakade, isiqinisekiso esisikelelekileyo sokuba uKristu ungaphakathi kuthi, sokuba inzaliseko yaKhe ingaphakathi kuthi, isenza siphakame senze izinto ngokwahlukileyo. Ngokuba, wena, xa usenza oko, uba ngobhadulayo kwizinto zehlabathi. Uba ngowasemzini. Uzibalela ekubeni ufile kwizinto zehlabathi, ube uphile kubomi obutsha. Ngoku ungowasemzini kwihlabathi. Ungowasemzini ngokuba uvume ngokucacileyo, ngesenzo sakho, ukuba, "Kukho iSixeko EsiMakhi noMenzi waso unguThixo." Yabona? Kwaye awusazikhathalelanga ezi zinto zehlabathi, koko singabantu abasingise eZulwini bekhangela eso Sixeko SiMakhi waso noMenzi . . . unguThixo. SiyiMbewu ka-Abraham ngokuba sikholiwe kwiNkosi uYesu Kristu, safa kwizinto zehlabathi, saze savuswa kwakhona eluvukweni lokufana naYe; ukuze sihambe njengoko Wenzayo u-Abraham, sizingela esoo Sixeko sizayo, sithabatha iLizwi likaThixo, sibize yonke into ngokuchaseneyo, ukuze sibuke ingelosi kwikhaya lethu, njengoko wenzayo u-Abraham, abathunywa bakaThixo, ababezise umyalezo. Owu, lixesha elinjani ukuba mnandi! Ukuvuma ukuba asisafuni nto iyeyehlabathi. Sifuna Yena, Yena ke yedwa. UnguMsindisi wethu.

168 Njengoko useluhambeni ukusuka kwesi sakhiwo ngale ntsasa, Mthabathe uhambe naye. MaWungaze ukushiye. Makube mnandi emphefumlweni wakho, yonke imihla yobomi bakho. UThixo anisikelele ngoku nisaya kwizitulo zenu, abantwana bebafumene abazali babo. UThixo anisikelele.

169 Uzakuthandazelwa? Mncedeni adlule apha, dade. Uzakuthandaza agqibe. INkosi uThixo ibe nenceba kulo mzalwana. Wususe umoya wokunxila kuye, Nkosi. Wanga anganxiliswa yiWayini kaThixo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

170 Akufani neZulu na? Bangaphi abeva ngolo hlobo, oku nje, ubumnandi nje? Akukho mntu waziyo ukuba makathini na. Akukho nto ndiyaziyo ndinokuyithetha. Ndisuke nje—mna . . . Ndiswele amazwi. A—Andazi ukuba mandithini na. NguMoya waKhe nje ongeneyo, yabona.

171 Yintoni na? Nibaziimvana, ukuze iHobe elilapha linikhokelele ekudleni ukudla kwemvana, uKudla kwezimvu. *Naku ke* uKudla kwezimvu, "Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko uyakuphila ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo." Umoya wethu uphila ngaloo Nto.

172 Ndiyacinga ukuba ngoku ndizakubonana nomhlobo wam olungileyo, u-Attorney Robinson, ukuba ungandilinda apha esakhiweni ithuba elidana ngokokude nditshintshe impahla yam, ndibuye, kuba ndibilile.

173 UMzalwana Neville uza kuyithabatha inkonzo ngoku, ukwenzela—ukwenzela izipho zabantwana. INkosi inisikelele.

174 Nihlale nicula *Down From His Glory*. Xa nisenza loo nto, nikhumbule ukuba sikholwa yintoni na kuYe, "Yonke inzaliseko kaThixo ihleli kuYe." UThixo akusikelele, Mzalwana Neville.

175 [UMzalwana Neville uthetha noMzalwana Branham—Mhl.] Ewe, ukuba ufuna ndenze njalo. ["Ewe."]

176 UMzalwana Neville undicela ukuba ndingabuya na ngokuhlwa kwakhona, ukuza kushumayela ngokuhlwanje kwakhona. Andikuthandi kuyithabatha inkonzo. Kodwa ndilapha, ndizele loo nto. Kulungile, ndiza kubuya ngokuhlwanje, iNkosi ithandile, ndithethe enkonzweni.

OWONA MQONDISO MKHULU XHO59-1227M
(A Super Sign)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi kusasa ngeCawe ngomhla wama-27, kuDisemba ngowe-1959, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2008 ngabe:

XHOSA

©2008 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org